

ISEBE LOPHUHLISO LOLUNTU

IPHONDO LENTSHONA KOLONI

INGXELO YONYAKA
2014/2015

ULUHLU LWEZIQULATHO

ISIGABA A: IINKCUKACHA EZITHE GABALALA	6
1. IINKCUKACHA EZIPHANGALELELEYO NGESEBE	6
2. IZISHUNQULELO.....	7
3. INTSHAYELELO KAMPHATHISWA	9
4. INGXELO YEGOSA ELONGAMELEYO	11
5. INTETHO YOKUTHABATHELA UXANDUVA KWANENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWALE NGXELO YONYAKA	22
6. ISIMO NGOKWESICWANGCISO-QHINGA	23
6.1 Umbono.....	23
6.2 Umnqophiso	23
6.3 Imigqaliselo	23
7. UXANDUVA NGOKWEMITHETHO NEMINYE IMISEBENZI	24
7.1 Uxanduva ngokoMgaqo-siseko.....	24
7.2 Uxanduva Ngokwemithetho	24
7.3 Eyona misebenzi yeli Sebe.....	26
8. ISIMO SESEBE.....	29
9. AMAQUMRHU ANIKEZELA IINGXELO KUMPHATHISWA	30
ISIGABA B: IINKCUKACHA NGENTSEBENZO	32
1. AINGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI OYINTLOKO: IINJONGO EZICWANGCISIWEYO	32
2. ISIMO SESEBE NGOKWENTSEBENZO	33
2.1 Imeko Yokunikezelwa Kweenkonzo	33
2.2 Isicwangciso Sokuphuculwa Kwenkqubo Yokunikezelwa Kweenkonzo	36
2.3 ImekoYeSebe.....	41
2.4 Ezona nguqu ziphambili kwimigaqo-nkqubo kunye neenguqu kwimithetho.....	44
3. IINJONGO EZISEKELWE KWIZIPHUMO ZESICWANGCISO-QHINGA	45
4. IINKCUKACHA ZENTSEBENZO NGOKWEENKQUBO	50
4.1 INKQUBO 1: ULAWULO	50

4.2	IINKQUBO 2: IINKONZO ZENTLALO-NTLE YOLUNTU	62
4.3	IINKQUBO 3: ABANTWANA NEENTSAPHO	72
4.4	IINKQUBO 4: IINKONZO ZOLULEKO	720
4.5	IINKQUBO 5: EZOPHURLISO NEZOPHANDO	80
5.	IINTLAWULO	89
5.1	Iintlawulo ezinikwa amaqumrhu oluntu	89
5.2	Iintlawulo ezinikwa amaqumrhu engengomaqumrhu oluntu	89
5.3	Iinkamnkam ezinemiqathango kunye neemali ebezibekelwe bucala ezihlawulweyo	91
5.4	Iinkamnkam ezinemiqathango kunye neemali ebezibekelwe bucala ezifunyenweyo	91
6.	IIMALI EZISUKA KUMALIZO	92
7.	UTYALO-MALI OLUNGUNDOQO	92
7.1	Capital investment, maintenance and asset management plan	92
ISIGABA C: EZOLAWULO		97
1.	INTSHAYELELO	97
2.	ULAWULO LOMNGCIPHEKO	97
3.	UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO	98
4.	UKUNCITSHISWA KONGQUZULWANO LWEEMFUNO	99
5.	UMGAQO WOKUZIPHATHA	99
6.	UKHUSELEKO LWEMPILO NEMIBA YENDALO ENGQONGILEYO	99
7.	IIKOMITI ZEPALAMENTE	100
8.	IZINDULULO ZESCOPA	110
9.	INGUQU ZANGAPHAMBILI KWIINGXELO ZOPHICOTHU-ZINCWADI	111
10.	INTERNAL CONTROL UNIT	112
11.	UPHICOTHU-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEEKOMITI ZOPHICOTHU	112
12.	INGXELO YEKOMITHI YOPHICOTHU	112
ISIGABA D: ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI		117
ISIGABA E: IINKCUKACHA ZEMALI		117

**ISIHLOMELO A:lintlawulo kuyo yonke imibutho engengomaqumrhu oluntu
..... 163**

ISIHLOMELO B: linkcukacha Zoqhakamshelwano 164

ISIGABA A: IINKCUKACHA EZITHE GABALALA

1. IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO NGESEBE

ISEBE LOPHUHLISO LOLUNTU

IDILESI YESEBE: kwa-14 kwiSitalato iQueen Victoria
Cape Town
8001

IDILESI YEPOSI: Private Bag X 9112
eKapa
8000
kuMzantsi Afrika

UKUZE UFUMANE EZINYE IIKOPI:

UMNXEBA: +27-21-4834850
IFEKSI: +27-21-4836824
I-IMEYLI: Neren.Sukha@westerncape.gov.za

NGEMIBUZO ETHE GABALALA:

INOMBOLO ENGAHLAWULELWAYO: 0800 220 250

PR: 242/2015

ISBN: 978-0-621-43860-4

Isihloko solu Xwebhu: iSebe Lophuhliso Loluntu leNtshona Koloni: Ingxelo Yonyaka 2014/15.

IWEBSITE: <http://www.westerncape.gov.za>

2. IZISHUNQULELO

ISISHUNQULELO	INGCACISO
AGSA	UMphicothi-zincwadi Oyintloko woMzantsi Afrika
AO	IGosa Elongameleyo
AOS	Inkqubo Yamagosa Ongameleyo
APP	Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka
ASC	Unonophelo Lwasemva Kwemini
B-BBEE	Inkqubo Ephangaleleyo Yokuxhotyiswa Kwemidaka Ngokoqoqosho
C-AMP	Isicwangciso Solawulo Lwempahla yeC
CBO	Imibutho Esekkelwe Ekuhlaleni
CDP	Umsebenzi Kwezophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
Ce-I	iCentre for Innovation
CFO	IGosa Elongamele Ezemali
CGRO	Isikhokelo Sohlahlutyo Lwezolawulo Leqoqo Eliphezulu
CHH	Amakhaya Akhokelwa Ngabantwana
CPD	Uphuhliso Lwamakhono Oluqhubayo
CSC	Iziko Lezolawulo Leqoqo Eliphezulu
CSO	Imibutho Yeenkonzo Zmbuso
CYCC	Iziko Lononophelo Lwabantwana Nolutsha
CYCW	Umsebenzi Kwezononophelo Lwabantwana Nolutsha
CoE	Ukubuyekwezwa Kwabasebenzi
DCAS	iSebe Lemicimbi Yenkcubeko Nemidlalo
DEDAT	iSebe Lophuhliso Loqoqosho Nezokhenketho
DPME	iSebe Lokuhlolwa Kwentsebenzo Novavanyo
DPSA	iSebe Leenkonzo Zoluntu Nezolawulo
DOH	iSebe Lempilo
DoJ	iSebe Lezobulungisa
DORA	uMthetho iDivision of Revenue Act
DotP	iSebe leNkulumbuso
DSD	iSebe Lophuhliso Loluntu
DTPW	iSebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu
ECD	Uphuhliso Lwabantwana Abaselula
EHW	Impilo Nentlalo-ntle Yabasebenzi
EPWP	Inkqubo Ephangaleleyo Yemisebenzi Yoluntu
ERM	Icandelo Lolawulo Lomngcipheko kwiSebe
ERMCOM	IKomiti Yolawulo Lomngcipheko kwiSebe
FGRO	Isikhokelo Solawulo Nohlalutyo Lwezemali
FIU	Icandelo Lophando-nzulu
FMIP	Isicwangciso Sokuphuculwa Kolawulo Lwezemali
Giama	Inkqubo Yolawulo Lwempahla kaRhulumente Engagungqiyo
GMT	Izithuthi Eziziinqwelo zikaRhulumente
HOD	INTloko yeSebe yeSebe Lophuhliso Loluntu
HR	Ezezibonelelo Zabasebenzi
HRM	Ulawulo Lwezibonelelo Zabasebenzi
HDI	Umntu Obesakuhleleka Ngaphambili
ICB	Ukuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono
ICT	Ubhakaxhaka Bobugcisa Nonxibelelwano
IDP	Izicwangciso Ezihlanganyelweyo Zophuhliso Zoorhulumente Bamakhaya
ISDM	Uhlobo Lwenkqubo Ehlanganyelweyo Yokunikezelwa Kweenkonzo
IT	Ubuxhakaxhaka Bobugcisa
LOGIS	Inkqubo Ezineenkukacha Zeentengo
M&E	Uhlolo Novavanyo
MDG	Amanqaku Ophuhliso Lwenkulungwane
MOA	Isibhambathiso Sesivumelwano
MOD centre programme	Inkqubo Yeziko lokukhula Ngokuthatyathwa Kwenxaxheba Lihlokondiba, Amathuba nokufikeleleka; Nophuhliso
MOU	Isibhambathiso Sokuqondana
MPAT	Isixhobo Sabalawuli Esihlola Intsebenzo
MTEC	IKomiti Yethuba Eliphakathi Kwezenkcitho

ISISHUNQULELO	INGCACISO
MTEF	Isikhokelo Sethuba Eliphakathi Lenkcitho
MTSF	Isikhokelo Sescwangciso-qhinga Sethuba Eliphakathi
NDP	Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe
NEETS	Abangaphangeliyo, Abangafundiyo, Nabangekho Kuqeqesho
NGO	Imibutho Engekho Phantsi Kolawulo Lwaseburhulumenteni
NPO	Imibutho Engenzi Ngeniso
NT	iSebe Lezemali Lesizwe
NTPSRMF	Isikhokelo Solawulo Lomngcipheko leSebe Lezemali Lesizwe Kwezombuso
NTR	Imimiselo Yendyebo Yesizwe
NYS	Inkonzo Yolutsha Lwesizwe
OD	Uphuhliso Lwemibutho
OHS	Impilo Nokhuseleko Engqeshweni
OSD	Izibonelelo Zamakhono Athile
PAY	Ukuphuhliswa Kolutsha yiNkulumbuso
PDO	Izicwangciso Ezibekwe Kwantlandlolo
PERSAL	Imivuzo Yabasebenzi
PFMA	Umthetho iPublic Finance Management Act
PFS	Inkonzo Yophando-nzulu Yephondo
PGWC	uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni
PILIR	Inkqubo Yolawulo Lwekhefu Lokungabi Namandla Akusebenzi kunye Nomhlala-phantsi ngenxa Yokungaphili
PPP	Intsebenziswano Phakathi Kwamaqumrhu Oluntu Nawabucala
PWID	Abantu Abakhubazake Ngokwasengqondweni
PSG	Inqaku Lesicwangciso-qhinga sePhondo
PSO	Injongo Yesicwangciso-qhinga sePhondo
PSP	Isicwangciso-qhinga sePhondo
PSRMF	Isikhokelo Solawulo Lomngcipheko Embusweni
PT	iSebe Lezemali kwiPhondo
PTI	Iqumrhu Lezoqeqesho Kwiphondo
PTIs	Imiyalelo Yendyebo yePhondo
RWOPS	Umvuzo Ngomsebenzi Owenziwe ngaphandke Kwalo Waseburhulumenteni
SACENDU	Iqonga loMzantsi Afrika Ngophando Ngezifo ezingumvuka Wokusetyenziswa Kwezinyobisi
SACSSP	IBhunga Lamakhono Enkonzo Zentlalo-ntle
SAPS	Inkonzo yesiPolisa kuMzantsi Afrika
SASSA	i-Arhente Yeenkamnkam Nezibonelelo Zoluntu loMzantsi Afrika
SCM	Ulawulo Lofhungelwano Lweentengo
SCOPA	IKomiti Emiyo Engee-akhawunti Zombuso
SDIMS	Inkqubo Yolawulo Lweenkcukacha Zophuhliso Loluntu
SDIP	Isicwangciso Sophuhliso Lwenkqubo Yokunikezelwa Kweenkonzo
SETA	Iqumrhu Elongamele Ukunikezelwa Kwezakhono, Imfundo Noqeqesho
SLA	Isivumelwano Somgangatho Wenkonzo
SMS	Iinkonzo Zabalawuli Abaphezulu
SOP	Inkqubo Engundoqo Yokusebenza
SRD	Inkqubo Yohlangulo Kwiintsizi
Stats SA	iStatistics South Africa
TPA	Isivumelwano Sokunikezelwa Kweentlawulo
U-AMP	Isicwangciso Solawulo Lokusetyenziswa Kwempahla
UN	Izizwe Ezimanyeneyo
UNICEF	Inxowa-mali Yabantwana Yezizwe Ezimanyeneyo
UNODC	United Nations Office on Drugs and Crime
USAIDS	United States Agency for International Development
UWC	iDyunivesithi yaseNtshona Koloni
VEP	Iinkqubo Yokuxhotyiswa Kwamakhoba
WCED	iSebe Lemfundo leNtshona Koloni
WCG	uRhulumente weNtshona Koloni

INTSHAYELELO KAMPHATHISWA



u-Adv. Albert Fritz
uMphathiswa wePhondo: kuPhuhliso Loluntu

NjengoMphathiswa Wophuhliso Loluntu kwiNtshona Koloni, ndibe necham lokukhokela eli eli Sebe isithuba seminyaka emihlanu ndise-ofisini. Sizame ngakokonke ukunikezela iinkonzo ngokwemigaqo nesikhokelo soMgaqo-siseko, esemithetho nangokuthunywa ngabavoti, ndawonye neenjongo zeSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe. Umsebenzi weSebe Lophuhliso Loluntu (iDSD ngamafuphi) kwesi sithuba sokusebenza kukarhulumente sibe sikhokelwe luluhlu Lweenjongo ezisibhozo Zesicwangciso-qhinga sePhondo, ze ekuzeni kokuqoshela kwethuba le-ofisi, zasuswa zangenelwa Ngamanqaku (iiPSO ngamafuphi) amahlanu Esicwangciso-qhinga sePhondo ezihlanganisa le misebenzi namagunya ze iwenze abe ziinkalo ezingundoqo zokunikezelwa kweenkonzo kwaneendlela ezizisa iinguqu. Elona nqaku libalulekileyo kweZophuhliso Loluntu yiPSG 2: *Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo kwanamathuba ophuhliso lolutsha*, kunye noPSG 3: *Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwemikhuba eluntwini*.

Le Ngxelo Yonyaka yazisa ngamanyathelo okuqala eSebe kumba wokwayamanisa amanqaku esicwangciso-qhinga sethu, sithathela ingqalelo ezona nkukacha zophando zakutsha nje ngeemfuno ngokoqoqosho loluntu nemingeni kweli phondo.

uPSG 2 udinga ukuba sijolise iinkonzo zethu ekuxhaseni ze, apho kuyimfuno, ekukhuseleni abantwana abaselula ngenjongo yokubanceda nokubalungiselela ukuba bahlale esikolweni, ze siphumeze amalungelo abo okhuseleko nononophelo olululo. Ikwasikhokela ekubeni sigxininise kakhulu ekuxhaseni ulutsha nasemva kokuba luphumile esikolweni ukuze sancedise ekuvaleni umsantsa phakathi kwemfundo nokuzimela ngokwasezimalini. Phakathi kwezinye izinto, oku kudinga ukuba:

- Siqinise iinkalo zemfundo, ingakumbi le yokunikezelwa kwemfundo yolwimi lwesiNgesi, eyoPhuhliso Lwabantwana Abaselula apho idingeka kakhulu, kwiingingqi apho ukulungela isikolo kukumazinga aphantsi;
- Sikhokele iinzame zokuphuhliswa kwezakhono namathuba oqoqosho kulutsha olusigqibileyo isikolo; ze
- Siqinisekise ukuba izikolo zinazo iinkonzo zentlalo-ntle ukuze kuncediswe kwiimeko apho abantwana babonakalisa iindlela zokuziphatha ezinokubabeka esichengeni, okanye abo bachatshazelwa ziintsizi.

Ukuzinikela kwam ekwandiseni amathuba kubantwana nolutsha kusami bume. Sele sisikhuphile iSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lwabantwana Abaselula kwiPhondo kunye neSicwangciso-qhinga Solutsha kwiPhondo, futhi ke sele siqalise nenkqubo yokujinisekisa ukuba iinkqubo ezenzelwe abantu abatsha zimi bume, zinefuthe ellilo ezimpilweni zabo,

ingakumbi kumba wokuncitshiswa kwentsela-ngqesho kulutsha. Kule nkalo ke amalinge ethu abesoloko ejoliswe ekuncedeni abantu abatsha bakwazi ukuziphilisa futhi bakwazi nokuzimela 'ngokoqoqosho', basempilweni, benobudlelwane obuphilileyo neentsapho, abanye abantu kunye noluntu ngokubanzi futhi ke besenza iintshukumo kwiingingqi abahlala kuzo.

uPSG 3 udinga ukuba, phakathi kwezinye izinto, sinikezele iinkonzo zentlalo-ntle ngokwasengqondweni ngenjongo yokunciphisa iinzingo ezinobudlelwane nokungaziphathi kakuhle koluntu kweli phondo, ezifana nezi:

- Unyango namanye amalinge asondeleleneyo kumba wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi;
- Amalinge okukhusela abantwana kwimpatho-gadalala okanye ukungahoyakali;
- Unonophelo nenkxaso kumaxhoba empatho-gadalala emakhayeni; kunye,
- Nenkxaso kwiintsapho nabazali abasemngciphekweni

Iinkonzo ezinikezelwa leli Sebe, ezikhatshwa luluhlu lwemigaqo nemimiselo neendlela zokusebenza, ziye zasetyenziselwa ukufaka igxalaba kuluntu ngokubanzi, apho iSebe lisebenze namanye amasebe ukuze kuqhutywe ezona zinzuzo zephondo lethu eziphambili, eziquka:

1. Abantwana abasempilweni nabathi ngokuhamba kwamaxesha bafunde ngakumbi;
2. Ulutsha oluziphethe ngendlela nolusebenzayo eluntwini;
3. Iintsapho eziluhlilima;
4. Uluntu olungamatshantliziyo noluhlilima; kunye,
5. Nabasebenzi abaphilileyo nabanentsebenzo.

Lo msebenzi mtsha ke siwenze kwimeko yoqoqosho emaxongo, futhi ke njengengxenywe yomsebenzi osasimeleyo, udinga ukuba kuqhutywe nokuphuculwa kophuhliso lwesebe. Sithe ngokwesicwangciso-qhinga senza luqilima ze saphucula iinkqubo zolawulo kwakunye neenkqubo zolawulo lwangaphakathi. Oku ke kube yeyona nto iphambili kunyaka-mali u-2014/15 kweli Sebe, ingakumbi kumba wokuqinisekisa ukuchaneka nokuba lulutho kweenkcukacha zentsebenzo yesebe. Kube ngumngeni omkhulu ke ukuqokelela iinkcukacha ezingentsebenzo kwiMibutho Engajonge Ngeniso (iiNPO ngabula makhumsha) esisebenzisana nayo engaphaya kwamawaka amabini, ii-ofisi ezingamashumi amathathu anantlanu ezinikezela iinkonzo ngqo eluntwini ndawonye nothotho lwamaziko aqhutywa lisebe anikezela ngendawo yokuhlala kubantwana nabantu abadala. Noko kunjalo, kubalulekile ukufumanisa ukuba sibe nakho ukulanda inkqubela yethu esa kwindlela esizakuzuzisa ngayo iinjongo zesicwangciso-qhinga sethu, ngelixa sinika uluntu ingqiniseko yokuba iimali ezisetyenziselwe ezi nkonzo zihlumise iinzuzo ezibe lulutho kuluntu lweNtshona Koloni oluhlelekileyo nolusemngciphekweni.

Thina ke silisebe siyidlalile eyethu indima ze sazinikezela neenkonzo kubemi beNtshona Koloni kwisithuba seminyaka emihlanu edlulileyo. Ukumelana ngendlela eyiyo neningeni esijamelene nayo kungumsebenzi omkhulu, ingakumbi xa lo Msebenzi uqwalaselwa kwinkalo yamanani abemi beli phondo akhula ngokukhawuleza ndawonye nengxowa yesizwe enciphayo. Ndiyathemba ke ukuba le Ngxelo Yonyaka iyibonakalisile indlela esimelana ngayo nalo mngeni ngendlela ecacileyo negxilileyo, yay eke xa iqwalaselwa ngokwayamana nezoonyaka abangaphambili, ibonakalisa ukuba senza inzuzo engummangaliso kwinkalo yolawulo olusemngciphekweni ndawonye neziphumo zomsebenzi wethu ngendlela 'Engcono Nangokubambisana'.



UMPHATHISWA WEPHONDO KWEZOPHUHLISO LOLUNTU
ngu-Adv. A Fritz
31 kweThupha ka-2015

3. INGXELO YEGOSA ELONGAMELEYO



uGqirha Robert Macdonald
IGosa Elongameleyo: kwiSebe Lophuhliso Loluntu

Isimo Semisebenzi yeSebe

Lo nyaka singawo ubugxile ekuphuculeni umgangatho wokunikezelwa kweenkonzo. Kwelinye icala iSebe lizame ukwenza luqilima iinzame zalo zovavanyo, ukunikezelwa kweengxelo, ezolawulo, ulawulo ndawonye nolawulo lweenkqubo zengqinisekiso ngokwezemali ngokwenkqubo yokuguqulwa kwesebe. Kwelinye, kuthe kwathiwa thaca oondoqo bokunikezelwa kweenkonzo. Kumba wale ingaphambili, oku kukhokelele ekongezweni kwabasebenzi nezibonelelo zabo kwinkqubo Yenqubo Yentlalo-ntle Yoluntu, Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaeni kunye neyeenkqutyana Zentsebenziswano ndawonye nokuvalwa kwezikhewu zengqesho kwiCandelo Lomlawuli Oyintloko Kwezemali (iCFO ngamafuphi). Ekupheleni konyaka-mali u-2014/15 iSebe lathi laqoshelisa inkqubo yalo ephunyeziweyo yokwayamanisa abasebenzi nezikhundla kwicandelo Lentlalo-ntle Yoluntu, Elophuhliso Loluntu Ekuhlaleni kunye Nophuhliso Lweentsebenziswano. ISebe liye lagxininisa ekuhlengahlengiseni nasekomelezeni iinkqubo neendlela zalo zokusebenzisa ngokuthi lilungise umgaqo-nkqubo walo wokuxhasa ngemali ngenjongo yokuphucula 'nokuvala onke amazibuko' kwinkqubo yolawulo lwezibhambathiso. Isebe lihlengahlengise inkqubo yalo yokusebenza ngokwemigaqo yolawulo lwenkcukacha zentsebenzo yeenkqubo ze lakwalungisa nencwadana yalo yeengcaciso zezalathisi ngenjongo yokuqinisekisa ukuba izalathisi zentsebenzo yeenjongo zalo ebezicwangciswe kwantlandlolo zicaciseke ngokuphandle nalula.

Kwinkalo yokunikezelwa kweenkonzo, amalinge akwicandelo lokukhubazeka, umzekelo, aquke ukusekwa kwesikhundla semiba engokukhubazeka esizakugxininisa kwiinguqu kwimigaqo-nkqubo engokukhubazeka kaRhulumente wePhondo ze sinikezele nesibonelelo senxaso kubantu abakhubazekileyo. Ngapha koko, iKhabhinethi iphumeze isikhokelo somgaqo-nkqubo esizakuhlenganisa intlanganisela nolawulo lweenkonzo kubantwana nolutsha olukhubazekileyo ngokwasengqondweni. Intsebenziswano neSebe Lemfundo leNtshona Koloni kunye noomaspala abohlukahlukeneyo ikhokelele ekuqulunqweni kwamalinge okudluliselwa kwabantwana nolutsha olukhubazekileyo ngenjongo yokuphucula umgangatho nendlela yokunikezelwa kweenkonzo kwaba bantwana basemngciphekweni. Umzekelo, kuye kwaqulunqwa iincwadana zoqeqesho neenkqubo zoqeqesho loonontlalo-ntle ngenjongo yokuphumeza iindlela zokudlulisela, futhi ke kusaqhutywa. Kungoku nje la malinge asavavanywa eMfuleni, eVredendal naseBhobhoholo. Njengengxenye

yentsebenziswano phakathi kweDSD, iSebe Lezempilo, iSebe Lezempundo kunye noluntu ngokubanzi, kuye kwasekwa iziko elihlalisayo eMaitland elizakuhlalisa abantu abangamashumi amathathu ekufunyaniswe kabini ukuba bakhubazeke ngokwasengqondweni ngenjongo yokuphumeza kwanokusebenzisa iinjongo ze PSG 3.

Ngokwemigaqo yomthetho iChild Justice Act zonke iinkqubo zoluleko ezijoliswe ebantwaneni (kufuneka iDSD nazo zonke iiNPO) zibe zinezinqinisekiso zokuba ziyawazi lo Msebenzi. Kunyaka-mali u-2014/15 wokunikezelwa kwengxelo, iNtshona Koloni ibe liphondo lokuqala kweli lizwe ukunika ingqiniseko iinkqubo zoluleko lwabantwana ezintathu. Ukunikezelwa kwamanqaku engqinisekiso kwiinkqubo zeDSD kuyakunika inkundla amathuba angamanye kwimiba yabantwana abakungquzulwano nomthetho.

ISebe likwaseke – ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act – ibhodi yokuqala yolawulo lwamaziko aphantsi kolawulo lwaseburhulumente anikezela ngononophelo kubantwana nolutsha ngokwalo mthetho. Ngaphezu kokuhlanganiswa kwanolawulo olululo lwenkqubo yolwaphulo-mthetho kuluntu, iSebe eli lithe ngentsebenziswano neSebe Lenkulumbuso (iDotP) ndawonye namanye amahlakani karhulumente, laqulunqa iSicwangciso-qhinga sePhondo esihlanganyelweyo Sokulwisana Nolwaphulo-mthetho Eluntwini esinikezela ngesikhokelo kweli candelo kunye nencwadana yeenkqubo ngendlela emakwenziwe ngayo kwezoluleko ngenjongo yokunikekisa ukufana kokunikezelwa kweenkonzo. Isicwangciso-qhinga sephondo sophuhliso lolutsha sesiphunyeziwe ngokulandela kwimpumelelo yeeYouth Cafés esezikho ezimbini, futhi ke ngabantu abatsha abalishumi elinanye abathe bathweswa izidanga kulo nyaka-mali kwi Youth Café yaseRocklands.

Iinjongo zokwenyuka kwamaxabiso zathi zadluliselwa kuzo zonke iiNPO ezifumana inkxaso-mali ukuze kovalwe izikhewu zoonontlalo-ntle ze kunikezelwe nenkxaso-mali. Kuthe kwaqulunqwa nesigqibo esisekelwe kumgaqo ongqongqo kulo nyaka-mali singawo apha ngenjongo yokuphucula imivuzo yoonontlalo-ntle, abaphathi boonontlalo-ntle kunye nabalawuli kwezentlalo-ntle kwiNPO ukuze oko kuphunyezwe kunyaka-mali u-2015/16. Oku ke kwenzelwa ukuphakamisa ubuqilima obuphangaleleyo, izinga lokunikezelwa kwengxelo eliphucukileyo, amazinga angcono okugcinwa koonontlalo-ntle kwicandelo leeNPO ze ke oko kukhokelele kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ephucukileyo.

ISebe likubonakalisile ukuzinikezela kwalo kulawulo olululo ngokuthi kuqhutyekwe namalinge okuthintela ziziphene ngaphakathi esebeni, ukuqulunqwa kweenkqubo zoshishino, imigaqo-nkqubo neenkqubo zokuphuculwa komsebenzi wesebe ngenjongo yokugxininisa kakhulu ekuphumezeni eyona misebenzi yesebe ekukunikezelwa kweenkonzo.

Isimo seziphumo zemali kwiSebe

Iirisiti zeSebe

Ingeniso yeSebe, eyenziwe kwaliSebe ifikelela kwi-0,1% yesabelo seSebe Sisonke. Nazi ke ezona ndlela lifumana ngazo ingeniso yalo iSebe:

- Ukuqokelelwa kweemali ezityalwa iSebe;
- Amatyala amabi achaphazela ingeniso yeSebe afikelele kuma-R209 000 futhi ke abe ngenxa yendlela engenaqoqosho yokukoleka, amatyala athe aqinisekiswa ndawonye neentsizi ebezinokuthinteleka;
- Ikhomishini nge-inshorensi kunye nemiyalo yokutsala imali kwimivuzo yabasebenzi;
- Ukupakwa kwezithuthi kunye nokuhlululela iindawo zokusebenzela nezokuhlala zabasebenzi ngokwemigaqo-nkqubo yeSebe Lemisebenzi Yoluntu Nezothutho;
- Ukukolekwa nokulandwa kweemali eziziintlawulo ezingasetyenziswa ebezizeminyaka engaphambili.

Ukuqokelelwa kwengeniso ngqaphezu komyinge kunyaka-mali u-2014/15 kube ngama-R944 ezigidi yaye ikakhulu kungenxa yoku kulandelayo:

- Ukwanda kwamalinge okukolekwa kwamatyala;
- Ukwanda kweendawo zokuhlala nezokushishina kwakunye nezokubeka izithuthi;
- Iimali ezibuyiswe liCandelo Lezithuthi Eziziinqwelo-mafutha zikaRhulumente (iGMT ngamafuphi) kumba wee-akhawunti zonyaka ophelileyo.

Itheybhile A: Iirisiti zeSebe

Iirisiti zeSebe	2014/2015			2013/2014		
	Iintelekel elo	Eyona mali ikolekiw eyo	Inkcitho (Engaphezu)/Eng ezantsi kwesabelo	Iintelekel elo	Eyona mali ikolekiw eyo	Inkcitho (Engaphezu)/Eng ezantsi kwesabelo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iirisiti Zerhafu	-	-	-	-	-	-
- Iikhasino	-	-	-	-	-	-
- Iirhafu Zemidya rho Yamaha she	-	-	-	-	-	-
- Iimpeph a- mvume zokushis hina ngotyw ala	-	-	-	-	-	-
- Iimpeph a- mvume zeenqw elo- mafutha	-	-	-	-	-	-
Ukuthengiswa kwempahla neenkonz ezingezizo ezona zoshishino	635	977	(342)	605	745	(140)
Iintlawulo ezifumanekileyo	-	-	-	-	-	-
Izohlwayo, iipenalti nokuncanywa						
Inzala, iinzuzo zezabelo neentlawulo zerente yomhlaba	27	42	(15)	25	21	4
Ukuthengiswa kwempahla engundoqo kushishino						
Iintshukumo zoshishino ngempahla yesebe kunye namatyala	200	787	(587)	180	2 790	(2 610)
Itotali	862	1 806	(944)	810	3 556	(2 746)

Inkcitho Ngokweenkqubo

Itheybhile B: Inkcitho Yeenkqubo

Igama Lenkqubo	2014/2015			2013/2014		
	Eyokugqibela Ebekelwe Bucala	Eyona Nkcitho	Inkcitho (Engaphezu) /Engezeantsi	Eyokugqibela Ebekelwe Bucala	Eyona Nkcitho	Inkcitho (Engaphezu)/Enkwasabelo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ezolawulo	206 968	189 043	17 925	183 444	176 797	6 647
Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu	640 190	634 864	5 326	580 036	579 986	50
Abantwana & Neentsapho	551 239	550 888	351	523 632	523 498	134
Iinkonzo Zoluleko	290 917	290 705	212	248 469	248 304	165
Ezophuhliso Nezophando	68 354	68 342	12	51 663	51 558	105
Itotali	1 757 668	1 733 842	23 826	1 587 244	1 580 143	7 101

Inkcitho Yeenkqubo

ISebe lithe labelwa iR1, 755,933,000 yezigidi kunyaka-mali u-2014/15. Esinye isabelo esongezelelweyo esinikwe iSebe ngokweSabelo Esihlengahlengisiweyo nto leyo yandise isabelo sesebe ngokubanzi saya kuma kuma-R1, 757,668,000. Isabelo esongezelelweyo sinikezelwe ngenxa yeemali ezihlengahlengisiweyo kwiVoti 3: yeSebe Lemali lePhondo ngenjongo yokuxananazisa icandelo Lolawulo Lwezangaphakathi.

Inkxaso-mali Enemiqathango esuka kwiSebe Lesizwe esiR2, 580, 000 ithe yanikwa iSebe egameni leNkqubo Yemisebenzi Yoluntu Ephangeleleyo (i-EPWP) kwicandelo Leenkonzoluntu kuMaphondo.

iSebe lichithe ama-98,6% esabelo salo sika-2014/15 xa kuthelekiswa nama-99,6% kunyaka-mali ongaphambili.

Isizathu sokungasetyenziswa kwaso sonke esi sabelo sichaphazela ikakhulu amaphulo angundoqo asaqhubayo apho inkcitho yawo iyakudluliselwa kulo nyaka-mali ze inikwe iSebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu ukuze isetyenziselwe unyaka-mali u-2015/16. Enye inkcitho engaphelelanga ichaphazela ukushiywa kweSebe ngabasebenzi.

Inkqubo 1: Ezolawulo

Le nkqubo ichithe ama-91,3% esabelo salo esingama-R206,968 ezigidi kunyaka-mali u-2014/15. Inkcitho engezantsi eli-R17,9 lezigidi ingenxa yokulibaziseka ekuphunyezweni lwamaphulo ezibonelelo (ama-R13,7 ezigidi) apho imali iyakudluliselwa kwiSebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu ukuze ivalwe kunyaka-mali u-2015/16. Kuphinde kwachithwa ngezantsi kwesabelo Sempahla Neenkonzoluntu (iR1,8 yezigidi) ngenxa yokwehla kwamaxqabiso abecingelekile kwiindawo zemcimbi kunye nezokusebenzela namaziko, uqeqesho, izithuthi zikaRhulumente iiGG, kunye neentlawou zokunxusa (iR2,1 sezigidi) ngenxa yokuba izithuthi zisiwe kwiingingqi zokunikezelwa kweenkonzo.

Inkqubo 2: Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu

Le nkqubo sele isebenzise ama-99,2% esabelo sayo esingama-R640,190 ezigidi kunyaka-mali u-2014/15. Imali engasetyenziswanga esisi-R5,326 sezigidi ichaphazela ingakumbi ukurhoxiswa kwenkxaso-mali kwimibutho engayithobeliyo imithetho kwanokubeka phantsi kwabasebenzi.

Inkqubo 3: Eyabantwana & Neentsapho

Le nkqubo isebenzise ama-99,9% esabelo sayo esingama-R551,239 ezigidi kunyaka-mali u-2014/15. Imali engasetyenziswanga engama-R351 000 ichaphazela ukurhoxiswa kwenkxaso-mali kwimibutho engajonge ngeniso engayithobeliyo imigaqo.

Inkqubo 4: linkonzo Zoluleko

Le nkqubo isebenzise ama-99,9% yama-R290,917 ezigidi zesabelo sayo kunyaka-mali u-2014/15. Imali engasetyenziswanga engama-R212 000 ichaphazela ukurhoxiswa kwenkxaso-mali kwimibutho engayithobeliyo imigaqo.

Inkqubo 5: Ezophuhliso Nophando

Le nkqubo isebenzise i-100% lama-R68, 354 ezigidi zesabelo sayo kunyaka-mali u-2014/15.

Ukudluliselwa Kweemali

Ukudluliselwa kweemali kwezinye iinkqubo ezisuka:

- Kwinkqubo 2.1 ukuya kwiNkqubo 3.1, 4.1 no-5.1 kwanikwa inkxaso abasebenzi abayanyaniswa nezikhundla becandelo Lovavanyo Nohlolo kwiinkqubo zokunikezelwa kweenkonzo.
- Inkqubo 1.2 ukuya:
 - kwiNkqubo 3.1: Ukwanda kweehambo ndawonye nenkcitho yokutya kwezo ndawo ezingumvuka weemvavanyo nokunikezelwa kweengxelo kwiiNPO.
 - Inkqubo 4.2: ukwenyuka kwamaxabiso ezidlo kwaneenkono ezithengwa kwiinkampani zangaphandle kumaziko anonophela abantwana nolutsha akhuselekileyo.
 - Inkqubo 4.4: ukwenyuka kwamaxabiso eenkonzo zezidlo kwiziko lokunyangela ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi eDe Novo.
- Inkqubo 3.4 ukunika inkxaso-mali ukwandiswa kweenkqubo zokufikelela kulutsha kwiNkqubo 5.6.

ISebe lifake isicelo sokudluliselwa kwemali kwanokugcinwa kwengeniso efikelela kwisiR2,055 sezigidi. Oku kuzakusetyenziselwa ukudibanisa kwimali-sabelo engonelanga engumvuka wamaxabiso aphezulu abengacingelekanga esibhambathiso esisanda kunikezelwa somzi wokhuseleko.

Izizathu zenkcitho engaphunyezwa, engenaziqhamo, eyinkcitho kwakunye nezixa ezichaphazelekayo ndawonye namanyathelo athatyathiweyo ukumelana nokuthintela ukuba kuphinde kwenzeke oku.

ISebe alikhange libe nancitho ingaphunyezwa kodwa zibe mbini zihlandlo zokusetyenziswa kwemali ngendlela engenaziqhamo neyilahleko kunyaka-mali u-2014/15.

Nazi ke:

- Inzuzo yoxolelaniso yama-R 838 000 kuba singazange sifune mvume ekuzeni nesixa emasihlawulwe. Le nkcitho yenzeka kunyaka-mali u-2009/2010 ze yaqosheliswa kulo nyaka-mali sikuwo. Amagosa achaphazelekayo kule nyewe athi ohlwaywa ukunqanda ukuba iphinde yehle.
- Iindleko zomthetho ezifikelela kuma-R 2 696.86 ezigidi ngenxa yokuhlawula emva kwexesha inkampani kunyaka-mali u-2008/09. Isiphumo sembono yomthetho sabonakalisa ukuba akukho gosa leSebe linokufakelwa isimangalo ngale inyewe.

Zombini ezi meko zathi zenjuswa zavalwa kulo nyaka-mali kwiincwadi zemali zeli Sebe.

Ikamva leSebe

linkonzo Zononophelo Nokhuseleko Lwabantwana zimele owona Msebenzi mkhulu wenziwa yiDSD yephondo, ngokuhambelana nomsebenzi oqingqiweyo wokuqinisekisa ukuba urhulumente uyamelana nomsebenzi wokukhusela amalungelo abantwana phantsi kweSahluko 28 soMgaqo-siseko. ISebe lichitha isixa esikhulu sesabelo salo seentlawulo kwiinkonzo eziya ebantwaneni, kuquka uphuhliso lwabantwana abaselula, ukugcinwa kwabantwana ngabazali abatsha okwethutyana, unonophelo olukhuselekileyo lwexeshana kunye namaziko ononophelo lwabantwana nolutsha, kwakunye nokuhlaliswa kolutsha olusalinde ukuxoxwa kwamatyala alo okanye olo lusalinde ukugwetywa ngokwemigaqo yomthetho iChild Justice Act. Eyona njongo inkulu kakhulu yeSebe kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo iyakuba kukuzisa ezi nkonzo kwinqanaba elibekwe yiChildren's Act, kwanokuzihlanganisa namanye amasebe, oomaspala, iiNPO, amahlakani ecandelo loshishino labucala ngenjongo yokufaka igalelo kwiinzame zokuzuzwa kweenjongi zikaPSG noPSG 2 noPSG 3.

Ngenkxaso kuPSG2, ukunikezelwa kweenkonzo zophuhliso lwabantwana abaselula ziyakugxila ekuxhaseni isidingo sokwenyusa umgangatho wemfundo, ngokuthi kunikezelwe iindawo ezikhuselekileyo nesondlo ndawonye nokudlamkisa nokuveza ulutsha olu kuphuhliso lweelwimi phambi kokuba kuqaliswe isikolo samabanga aphantsi ngokwemigaqo yekharithulam yesizwe yabantwana abaminyaka isusela ekuzalweni ukuya kwemine ubudala ku- 2015/16.

linkqubo zoluleko eziqinisekisiweyo ndawonye neenkonzo zokululeka zeDSD kubantwana nabantu abadala abakungquzulwano nomthetho ziyakwandiswa futhi ke njengoko kuvakalisiwe ngentla apha, zinike iinkundla amanye amathuba okuqwalasela amatyala ngokukhawuleza izenzo zolwaphulo-mthetho ezingenabuzaza bungako, kunikwe abophuli-mthetho abangenzi zimbo zihlasimlis' umzimba kakhulu amathuba okubuyekeza uluntu ekuhlaleni ze kuncediswe nasekwehliseni umthwalo osemagxeni eenkundla ukuze kutshintshe ukugxila, kusukwe kula matyala mancinci kuyiwe kwamakhulu nanobuzaza. Ukusekwa kweenkonzo zokunyangelwa ukusebenzisa gwenxa iziyobisi kuwo onke amaziko eDSD akhuselekileyo ononophelo lwabantwana nolutsha kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo kuyakunika ulutsha olugwetyiweyo amathuba okuzikhwebula kumkhwa wokusebenzisa iziyobisi ngendlela egwenxa netenxileyo. Ukunikezelwa kweenkonzo zononophelo nezokhuselo kubantwana abahlala ezitalatweni, okukhatshwa kukomelezwa kweentsapho, kwanoqeqesho kubazali kwilinge lokunika izakhono zokukhulisa nokuqeqesha kubazali, kuquka nokubaluleka kootata namadoda adlala indima eyiyo kwiintsapho kuyakwandisa ukugxila kwintlalo-ntle , ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwemikhuba kuluntu.

Ukusekwa kwamatyathanga okudlulisela phakathi kweDSD neSebe Lemfundo leNtshona Koloni kuyakuqinisekisa ukuba izikolo zifikelela ngcono kubasebenzi beDSD, imibutho efumana inkxaso-mali ndawonye nezinye izibonelelo ezinokunceda abantwana abanezidingo ezizodwa, kuquka ukutshintsha iindlela zokuziphatha ezitenxileyo, nto leyo iyakukhokelela ekugcinweni kwaba bantwana ezikolweni – ngokuthi kugcinwe abantwana ezikolweni ze bancediswe nasekubeni bayigqibe imfundo yabo. Oku kuyakuncediswa naziinkqubo ezisemgangathweni zenkxaso nentlalo-ntle yengqondo eziquka ukomelezwa, uqeqesho kubazali ndawonye neenkqubo zeendlela zokuziphatha ezilulekayo eziquka ukunyangelwa ukusebenzisa gwenxa iziyobisi, apho kuyimfuneko..

Ukubuyiselwa kwenkqubo i-EPWP nezidingo zezakhono zoqoqosho lolwazi ngehlabathi kwanokwayamanisa amaphulo ophuhliso lolutsha eDSD namalinge – aquka lawo akumaziko ononophelo lwabantwana nolutsha – aya kwiiYouth Cafe ayakwenza ukuba kukwazeke ukugxila ekunikezeleni iinkonzo ezifikelekayo, amathuba nenkxaso kubo bonke abantu abatsha, ingakumbi abo bangaphangeliyo, bangekho sikolweni, okanye kuqeqesho, ngokuthi kunikezelwe uqeqesho ngezakhono zobomi, ukukhuthaza nokuqeqesha, ezokukhokela, ezokuqhuba amashishini, ndawonye noqeqesho oluqinisekisiweyo olufumaneka kumaziko angawo nabhalisiweyo nalungiselela ubomi bengqesho.

IiYouth Café zililinge elitsha nelingaqhelekanga ngenjongo yokuxhobisa nokuphuhlisa ngezakhono abatsha, kwakhiwe amatyathanga ze kufikeleleke namanye amathuba anokuba ziinkxaso-mali zokufunda kunye namathuba okulungelaniwa nengqesho emsebezini. Kwisithuba Sesikhokelo Sethutyana Elingephi Senkcitho sika-2015, kuzakusekwa ezinye iiYouth Cafés.

Ukuphucula umgangatho weenkonzonophelo nokhuselo lwabantwana njengoko kuthiwe thaca kwimithetho iChildren's neChild Justice Act; unonophelo lwabantu abadala, ingakumbi ukuxananaziswa kwamaziko azimeleyo ahlalisa najongana nabantu abadala abagokekileyo ukuze amelane nezidingo zeenkonde neenkondekazi zethu, amalinge okulwisana nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, iinkonzo kubantu abakhubazekileyo, inkxaso kumaxhoba, iindawo zokuhlala kubantu abangenamakhaya, ingakumbi amanina nabantwana futhi ke kuquka nendawo yokuhlala nokugcina amaxhoba okuxhwilwa; iinkonzo zoluleko kunye neenkqubo zokulungisa izimilo ziyakuthathelwa phezulu kwisithuba seminyaka emithathu ezayo. Ukuphakanyiswa kwamalungelo, intlalo-ntle kunye nokuxhotyiswa ngokoqoqosho kwabantu abakhubazekileyo kunye neentsapho zabo okanye abantu ababanonophelayo kuyakuqhuba kwisithuba seminyaka emithathu ezayo. Esinye isabelo sama-R30 ezigidi – esikhutshwe okokuqala ngo-2015/16 – siyakuqhutywa ze sandiswe kweminye iminyaka elandela le minyaka mihlanu yolawulo sikuyo ngoku. Oku ke kuyakuvumela lo msebenzi uqalwe ngo-2014/15 ukuba uqhube, ze kwisithuba Sesikhokelo Senkcitho Yexesha Elingephi, kwenziwe isibonelelo sezixhobo zokuncedisa, ngokwamaxabiso adlulayo kwizinga lokwenyuka kwamaxabiso kwiindibano zocweyo ngokhuseleko, amalinge okufikelela kwiikliniki kunye nokulungiswa kwamakhaya amaqela abantu abadala nabantwana.

ISebe sele lizayamanise nendlela yomgaqo-nkqubo mtsha, iiPSG kunye noondoqo besicwangciso-qhinga ezithe zathiwa thaca kwiSicwangciso-qhinga sePhondo ekuchongeni indlela yalo ngokwesicwangciso-qhinga kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo apho kuyakube kugxilwe ekuphunyezweni kukaPSG 2 noPSG 3 njengoko kubonakalisiwe kwiinkqubo esele ndithethile ngazo.

Amatyathanga Entsebenziswano Phakathi Kwamaqumrhu Oluntu Nawabucala

Akukho ngxelo

Iintshukumo eziyekisiweyo

Kwinyanga yeThupha ka-2015, iSebe Lesizwe Lezemali likhuphe umyalelo othintela ukwenziwa kweentlawulo ezenziwa nge-intanethi. Lo myalelo ungumvuka wemingcipheko eyayanyaniswa nezo ntlawulo. Oku ke kuye kwakhokelela ekwenziweni kwezi ntlawulo ngendlela yokubhala phantsi, kuquka nezo ziya kwiiNPO ezingama-2 200. Ifuthe loku likhokelele kwinkqubo ehlengahlengisiweyo nabasebenzi abasebenza nasemva kwexesha lokusebenza. Isiphumo soku ke sibe kukuba iintlawulo azikwazanga kusoloko zisenzeka ngexesha futhi ke ngesizathu soku, leeNPO liye laneengxaki ezibangwa kukuswela imali. iSebe ke liye lenza iinguqu kumacandelo athe achaphazeleka ngenjongo yokumelana nale nkqubo yandileyo yezolawulo.

Iintshukumo ezintsha ezisacetywayo

- Ukwanda kwenkxaso-mnali kwiiNPO (iinkxaso-mali kwizikhundla zoonontlalo-ntlekwakunye nokwenyuka kwamaxabiso ezinto). Oku ke kuyakuphucula imivuzo yoonontlalo-ntle, abaphathi boonontlalo-ntle kunye nabalawuli kwezentlalo-ntle kwiiNPO ezifumana inkxaso-mali kube ke ngoko kuphakanyiswa indlela yokuzimela nokuba luqilima kwale mibutho, indlela yokugaya ephucukileyo, indlela engcono yokugcinwa koonontlalo-ntle kwicandelo leeNPO, ze ke oko kukhokelele ekuphucukeni kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo.

- Ukusekwa kwebhodi yolawulo lweeCYCC ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act. Injongo yale bhodi kukuqwalasela nokuqinisekiswa kwentlalo-ntle yomntwana kwanokuqinisekisa ukusetyenziswa kwemigaqo nemimiselo yesizwe.

Ezi ntshukumo ziyakulawulwa ngokwemigaqo yeli Sebe

Ulawulo Lwetyathanga Leentengo

limbono namangenelo angacelwanga kwiziniki-maxabiso ezithe zaqosheliswa kulo nyaka-mali singawo

ISebe alikaqoshelisi zivumelwano zamangenelo kulo nyaka-mali singawo.

linkqubo Zetyathanga Lolawulo Lweentengo ezikhoyo zokuthintela inkcitho etenxileyo

Uxwebhu lomgaqo-nkqubo, olubizwa iNkqubo Yamagosa Ongameleyo, luthi thaca imisebenzi yeSebe ze, ithi thaca namagunya nemisebenzi, ezibekwe ngokucacileyo kumagxa eGosa Elongameleyo. Luyadlulela ngokuthi lubeke elubala zonke iintshukumo zeenkqubo, zesebe nezolawulo ezibandakanyeka kwimisebenzi yamihla le yetyathanga lolawulo lweenkonzo ukuze zihambelane nemithetho nemimiselo elawulayo (iPublic Finance Management Act (iPFMA ngamafuphi), Imimiselo Yesebe Lesizwe Lezemali kunye Nemiyalelo Yesebe Lephondo Lezemali. Njengokuba le Nkqubo Yamagosa Ongameleyo ibeka elubala imiba yomgaqo-nkqubo wetyathanga leentengo, amagqiza eSCM ngawo abeka amagunya okuthatyathwa kwezigqibo ezipha amandla ezi nkqubo kule Nkqubo Yamagosa Ongameleyo. Inkqubo yeli Sebe Yamagosa Ongameleyo yayamene Noxwebhu Lwesicwangciso olukhutshwe liSebe lePhondo Lezemali. Amagqiza eSebe ebeyanyanise nemigaqo engundoqo ekhutshwe liSebe Lephondo Lezemali.

Imingeni ekuthe kwajanyelwana nayo kwiTyathanga Lolawulo Lweentengo nokuba isonjululwe njani na

Isimo seTyathanga Lolawulo Lweentengo sithe sahlalutywa ze saphunyezwa ngenjongo yokusifizekisa ukuze kumelwane nemingeni yesimo futhi ke siyingxenye sesicwangciso sangoku nje sokusebenza ku-2014/2015. Isicwangciso Seentengo siqulunqwe ngokusebenzisa iinkcukacha/iingxelo zangaphambili kunye namagalelo abo baphethe izabelo zamacandelo neenkqubo.

Kuzakwaziswa isicwangciso seentengo njengengxenye yocwangciso kwanenkqubo yohlahlo lolwabiwo-mali kuthi ke kuzakuthi kuqulunqwe ze kuphunyezwe nenkqubo yokusebenza ku-2015/2016.

Itheybhile C: Izipho ezithe zafunyanwa ngesisa kumaqumrhu esingenabudlelwane nawo:

Inkalo yeli Sebe	Uhlobo Lwesipho (Impahla & Neenkonziso)	Isipho sivela (Inkampani/Umntu)	Ubudlelwane neSebe	Ixabiso
Iziko	Amaqanda ePasika Kubahlali	kwiGolden Rewards	Yinkampani ehlambela isebe impahla	R150.00
Iziko	Amaqhosha ali-1 000	kwiGolden Rewards	Yinkampani eshishina neziko ekuhlambeni impahla	R300.00
Iziko	yiMitha yokulinganisa	kwiPacaltsdorp Pharmacy	Yinkampani eshishina neziko	R150.00

Inkalo yeli Sebe	Uhlobo Lwesipho (Impahla & Neenkonz)	Isipho sivela (Inkampani/Umntu)	Ubudlelwane neSebe	Ixabiso
	igluucose			
Iziko	Ziiplagi zodonga	kwiZayaphumelela Events	Yinkampani eshishina neziko	R144.00
uNdlu-nkulu	Yiwotshi yodonga	Kwi-Older Persons Reference Group	Ngumsebenzi	R350.00
Ummandla	Yimali	kwiPJ Onderhoudsdiens	Lishishini Loluntu	R800.00
Ummandla	Yimali	Kubasebenzi beSebe Lophuhliso Loluntu eBhobhoholo	Ngabasebenzi	R258.00
Iziko	Izinto zokuhlamba	kwiDyunivesithi yaseKapa	Abukho	R200.00
Iziko	Impahla yabantwana kubahlali	kwaJet Stores ePaarl	Abukho	R300.00
Iziko	lingubo zeduvethi, imiqamelo yokuhombisa, iikhethini, isishushubezi sokutya, ivazi kunye neenxili zokulala	kwaHome Choice	Ngoononibe kweli ziko	R500.00
Iziko	lilekese Namashwamshwam	kwiTG Suppliers	Yinkampani eshishina neziko	R150.00
Iziko	lincwadi zethala leencwadi ezingama-51	kuH De Waal	nguMlawuli Wezemfundo eLindelani CYCC	R3 000.00
Iziko	Ilineni, izinto zokudlala kunye nepeki zembadla	kwaHome Choice	Ngoononibe kweli ziko	+R500.00
Iziko	Iplagi entlantlo-mbini	kwiZiyaphumelela Events	Yinkampani eshishina neziko	R25.00
Ummandla	Ikhadi lemibulelo, amanzi ahlwahlwazayo, amaqhekeza amabini etshokoletshi, amashwamshwam namandongomane neerantyentyisi	kuL Quirle	Bubudlelwane bomsebenzi nomthengi	R30.00
Iziko	i-11kg yenkukhu (ekrwada)	kwiZiyaphumelela Events	Yinkampani eshishina neziko	R250.00
Iziko	Irolo zehot dog	kwiNoble Enterprises	Yinkampani eshishina neziko	R100.00
Iziko	Ivoshi zokubenga	kwiLaundry Services	Yinkampani eshishina neziko	R156.00
Iziko	Iziselo ezigudileyo, ijusi kunye namalahle	kwiComwezi Security	Yinkampani eshishina neziko	R295.00
uNdlu-nkulu	Ibhokisi yeetshokoletshi	kuCharmaine Klopper	Bubudlelwane bomsebenzi nomthengi	+R80.00
uNdlu-nkulu	Amaqebengwane	Kwi-EOH Rosabell Brown	Ngumthengi	R50.00
uNdlu-nkulu	Amaqebengwane	Kwi-EOM N Bain	Ngumthengi	R50.00
uNdlu-nkulu	Amaqebengwane	Kwi-EOH Rosabell	Ngumthengi	R50.00

Inkalo yeli Sebe	Uhlobo lwesipho (Impahla & Neenkonzzo)	Isipho sivela (Inkampani/Umntu)	Ubudlelwane neSebe	Ixabiso
		Brown		
uNdlu-nkulu	Amaqebengwane	Kwi-EOH	Ngumthengi	R50.00
Iziko	Ijezi zombhoxo ezingama-22 kunye neejezi ezinemingwazi	kwiD Santom South African Rugby Legends	Ngumthengi	R2 750.00
Iziko	Ezokuhlamba	kwiTimothy Bible School D Louw	Liqela Lasekuhlaleni	R1 500.00
Iziko	50 Ipeki zeziphi ezingama-50	kwiNGK Stellenbosch Welgelegen Leon	Liqela Lenkonzo	R1 500.00
Iziko	Izipho/Izinto zokudlala	kwiChrist Embassy, kuPastor Schalk Joanne	Liqela Lenkonzo	R1 200.00
Iziko	Ezokuhlamba, izixhobo zemidlalo kunye nezokuzonwabisa	Kwi-A.C. Church J Jackson	Liqela Lenkonzo	R1 800.00
Iziko	Ezokuhlamba, Ezangaphantsi kunye Neelekeke	Kwi-Assemblies of God eKuilriver	Church Group	R1 500.00
uNdlu-nkulu	Amaqebengwane	Kwi-EOH R Brown	Ngumthengi	R50.00
uNdlu-nkulu	Iitshokolethi	Kwi-EOH	Ngumthengi	R50.00
uNdlu-nkulu	Iitshokolethi	kwiNedbank Claudia	Ngumthengi	R200.00
uNdlu-nkulu	iDecxor	kuBaitul Ansaar weCYCC Maniebah Razach	Ngumthengi	R150.00
uNdlu-nkulu	Ifremu	KwiGqiza laseChina	Ngumsebenzi	R800.00
Ummandla	Iwotshi yamagqiyazana yohlobo lweQuartz	kuWarren Alexander	nguMbheshi Wenkqubo	R250.00
Itotali				R19 688.00

limbono zezinto ezingaqukwanga kunye nokutenxa ezivela kwiSebe Lemali Lezizwe:

ngokweSahluko 66 sePFMA, esifundeka neSaziso Sokusebenza sika-5 ka-2006/07, uMphathiswa Wezemali kwiNtshona Koloni uye wanikezela imvume yazo zonke izibhambathiso zokuqeshwa zezemali kulo nyaka-mali sikuwo.

Iintshukumo emva komhla wokunikezelwa kwengxelo:

Akubangakho zintshukumo zidinga ukunikezelwa ezinye izimvo emva komhla wokunikezelwa kwale ngxelo.

Okunye:

Akubangakho zintshukumo zidinga ukunikezelwa ezinye izimvo emva komhla wokunikezelwa kwale ngxelo.

Izincomo Nokuvalalisa

Egameni lbalawuli abaphezulu kweli Sebe, ndingathanda ukubulela bonke abasebenzi bethu, ingakumbi abo basebenza kanye emfuthweni wokunikezelwa kweenkonzo, ngokuzinikela kwabo okungagungqiyo ekukhonzeni uluntu ngokubanzi kwanomonde wabo ngeli thuba linzima kangaka leenguqu kwisebe. Ndingathanda nokubulela yonke imibutho esisebenzisana nayo kwincadelo leeNPO ethe yanikezela ngeenkonzo ezisemgangathweni kuluntu egameni leSebe, ingakumbi kule meko yoqoqosho imaxongo ekuthe ngalo kwabonakala ukwanda kwesidingo seenkonzo zentlalo-ntle nokuncitshiswa kwentlupheko,

kunye ndawonye nokwehla kwegalelo lenkaxaso yotyalo esuka kwicandelo loshishino labucala.



nguGqirha Robert Macdonald

Igosa Elongameleyo

kwiSebe Lophuhliso Loluntu

31 kweyeThupha ka- 2015

4. INTETHO YOKUTHATHELA UXANDUVA KWANENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWALE NGXELO YONYAKA

Ngokolona lwazi lwam nenkolelo echanekileyo, ndiyakuqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha nezixa ezithe zadizwa kule ngxelo yonyaka zinjengoko zibekiwe.

Le ngxelo yonyaka igqibelele, ichanekile yaye akukho zinkcukacha zishiyelelweyo.

Le ngxelo yonyaka iqulunqwe ngokwemigqaliselo yokuqulunqwa kweengxelo zonyaka njengoko zimiselwe liSebe Lezemali Lesizwe.

Iingxelo Zonyaka Zemali (kwiSigaba E) nazo ziqulunqwe ngokwemigqaliselo yomgangatho omtsha wolawulo lwemali eziinkozo ndawonye nezikhokelo nemimiselo elawulayo ethe yakhutshwa liSebe Lemali Lesizwe.

Igosa Elongameleyo linoxanduva lokuqulunqa iingxelo zemali zonyaka kwingxelo yonyaka ndawonye nezigwebo ezithe zenziwa kwezi nkcukacha.

Igosa Elongameleyo linoxanduva lokuseka, futhi ke sekuthe kwaphunyezwa inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyilelwe ukunikezela ngengqiniseko eyiyo ngokwesidima nokuchaneka kweenkcukacha ezingentsebenzo, iinkcukacha ezingemicimbi yezibonelelo zabasebenzi ndawonye neengxelo zonyaka zemali.

Kungoku nje abaphicothi-zincwadi bangaphandle basaxhinkxa ngenjongo yokunikezela ngeziphumo zophicotho lwabo oluzimeleyo kwiingxelo zonyaka zemali.

Ngokowam umbono, le ngxelo yonyaka idiza kuhle imisebenzi, iinkcukacha ezingentsebenzo, iinkcukacha ezingezibonelelo zabasebenzi ndawonye nemicimbi yemali yeSebe yonyaka-mali ophele ngomhla wama--31 kweyoKwindka ka-2015.

Ozithobileyo



nguGqirha Robert Macdonald

Igosa Elongameleyo

31 kweyeThupha ka-2015

5. ISIMO NGOKWESICWANGCISO-QHINGA

6.1 Umbono

Luluntu oluzimeleyo.

6.2 Umnqophiso

Kukuqinisekisa ukunikezelwa kothotho lweenkonzo zophuhliso loluntu ezinika amandla nezixhobisa abantu abahlelekileyo, abasemngciphekweni kwanabo banezidingo ezizodwa.

6.3 Imigqaliselo

Iinqobo eziphambili zoRhulumente weNtshona Koloni, elizibophelele kuzo nalo iSebe zezi zilandelayo:

- Ukukhathala
- Ukukwazi ukusebenza
- Ukunika inkcaza
- Intembeko
- Ukuphendula

Isebe liyazibophelela kule **migqaliselo** ilandelayo **ingundoqo yokunikezelwa kweenkonzo**:

- **Ukuza neengcinga ezintsha: Ukusebenza ngendlela eyahlukileyo**

I-DSD iza kuzama ukuphonononga ivavanye iindlela ezahlukeneyo zokusebenza ukuze kuphunyezwe iziphumo ezikwiqondo eliphezulu ngexeshana nje elifutshane kungathotywangama migangatho.

- **Ukubonisana nokubandakanya uluntu**

Siza kuqhubeka ukunika ingqalelo ekubandakanyeni abo sisebenzisana nabo nabachaphazelekayo kumthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act we-13 ka-2005.

- **Ukufikeleleka**

Ukufikeleleka kweenkonzo kubalulekile. Ngokomfuziselo wenkqubo yalo entsha yokuphuculwa kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo, iSebe lizakuqinisekisa ukwanda kokufikeleleka kwiinkonzo ezifanelekileyo nezisemgangathweni ngokomgangatho wasekuhlaleni ngokusekwa kweendawo ezingama-45 okunikezelwa kweenkonzo kwisakhelo senkcitho sesithuba esiphakathi enyakeni (MTEF).

- **Ukuphendula nokungafihli nto**

Ukusiwa kwamanye amaziko ulawulo olufanelekileyo lweenkonzo ezihlanganisiweyo ngokuthi kuphunyezwe uhlolo olubhekisele kwiziphumo, uvavanyo nokunika ingxelo, iinkqubo ezivakalayo zoshishino kuqhubela phambili ukuhambelana nemithetho ukuze kuphuculwe ukuphendula ngokwenzekayo kunye nomsebenzi.

7. UXANDUVA NGOKWEMITHETHO NEMINYE IMISEBENZI

7.1 Uxanduva ngokoMgaqo-siseko

Umthetho	Iimpembelelo kuomsebenziweDSD
Umgaqo-siseko waseMzantsi Afrika onguNombolo 108 ka-1996	ICandelo lama-28(1) loMgaqo-siseko lichaza amalungelo abantwana malunga nenkathalo efanelekileyo (izondlo, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo neenkonzozo zentlalo) nokungavalelwa enye ngaphandle kokuba kwenzeka kuba kungekho enye into enokwenziwa.

7.2 Uxanduva Ngokwemithetho

Umthetho	Iimpembelelo kumsebenziweDSD
Umthetho iProbation Services Amendment Act, Nombolo 35 ka-2002	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yalo mthetho kukwenza izilungiso kwiProbation Services Act, 1991, ukuze kufakelwe iinkcazelo ezithile ukuze: <ul style="list-style-type: none"> ● Kwenziwe eminye imiqathango yeenkqubo ezinjongo yazo ikukukhusela nokunqanda ulwaphulo-mthetho; ● Ukongeza amagunya nemisebenzi yoonontlantle abasebenza kwicandelo lolwaphulo-mthetho; ● Ukuchaza imisebenzi yamasekela abanontlantle; ● Ukunikeza ngovavanyo olusisinyanzelo lwabantwana ababanjweyo; ● Ukubonelela ngokumiselwa kwekomiti yeengcebiso koonontlantle babaphuli-mthetho; ● Ukuchaza ngabantu abakhangela iintsapho kunye nemicimbi ehambelana noko.
Umthetho iNon-Profit Organisations Act, Nombolo 71 ka-1997	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yalo Mthetho kukuxhasa iiNPO ngokuseka isakhelo solawulo nesokugunyazisa izinto apho zinokwenza imicimbi yazo iiNPO.
Umthetho iDomestic Violence Act, Nombolo 116 ka-1998	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yalo mthetho kukukhusela amaxhoba obundlobongela emakhaya kwimpatho-mpi emakhaya
Umthetho iSocial Service Professions Act, Nombolo 110 ka-1978; Amended 1995, 1996 & 1998	<ul style="list-style-type: none"> ● Lo mthetho wamisa iBhunga laseMzantsi Afrika leeNgcali zoonontlantle neebhodi zeengcali zomsebenzi wentlalo-ntle kwaye uchaza amagunya nemisebenzi yazo.
Umthetho iChildren's Act, wama-38 ka-2005	<ul style="list-style-type: none"> ● Umthetho, owenziwe wasebenza ngokweSibhengezo sikaMongameli somhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, sichaza: <ul style="list-style-type: none"> ● Amalungelo noxanduva lwabantwana; ● Uxanduva namalungelo obuzali; ● Imithetho-siseko nemigaqo yokukhuselwa kwabantwana; ● Ukukhuthazwa kwentlalo-ntle yabantwana; kunye ● Nokuhlenganisa imithetho enxulumene nentlalo-ntle nokukhuselwa kwabantwana nokubonelela ngemiba ehambelana nayo.
Umthetho iOlder Persons Act, Nombolo 13 ka-2006	<ul style="list-style-type: none"> ● Umthetho i-Older Persons Act we-13 ka-2006, owenziwe wasebenza ngokwesibhengezo sikaMongameli ngomhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, ujolise ekuxhobiseni nasekukhuseleni abantu abadala kubandakanywa nesimo sabo, amalungelo abo, impilo, ukhuselo nokhuseleko lwabo ukulwa impatho-mpi kubantu abadala. ● Umthetho ukhuthaza indlela yophuhliso ethathela ingqalelo: <ul style="list-style-type: none"> ● Ubulumko nezakhono zabantu abadala; ● Ukuthatha inxaxheba kwabantu abadala kwimicimbi yokuhlala; ● Ukulawula ubhaliso lweenkonzo zabantu abadala; kunye ● Nokusekwa nokulawulwa kweenkonzo namaziko abantu

Umthetho	Iimpembelelo kumsebenziweDSD
	<p>abadala.</p> <ul style="list-style-type: none"> Ngokungafaniyo nomthetho iAged Persons Act, Nombolo 81 ka-1967 ugxininiso luyatshintsha ukusuka kolokukhathalelwa kumaziko ukuya kolokukhathalelwa ekuhlaleni ukuqinisekisa ukuba umntu omdala uhlala phakathi koluntu lwakhe kangangoko enakho.
<p>Umthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, Nombolo 70 ka-2008</p>	<ul style="list-style-type: none"> Lo mthetho ubonelela ngokuphunyezwa kokunikezelwa kweenkonzo ezibanzi nezihlangeneyomkuwo onke amasebe karhulumente. Eyona nto lo Mthetho ugxininisa kuyo kukukhuthaza iinkqubo ezibhekisele kuluntu nokungenelela kwangethuba kunye nokubhaliswa kongenelelo lonyango malunga nokusetyenziswa kakubi kweziyobisi.
<p>Umthetho iChild Justice Act, Nombolo 75 ka-2008</p>	<ul style="list-style-type: none"> Lo mthetho umisela iinkqubo zomthetho weenkundla kubantwana abamangalelelwe ukophula umthetho benenjongo yokukukhusela amalungelo abantwana.
<p>Umthetho iSexual Offences and Related Matters Amendment Act, Nombolo 6 ka-2012</p>	<ul style="list-style-type: none"> Ukuhlomela uMthetho iCriminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, ka-2007, ukuze ubonelele ukuba ukunyanzeliswa kwezohlwayo malunga nezinye izenzo zolwaphulo-mthetho ezikulo Mthetho zishiywe gokwesigwebo seenkundla zamatyala; nokubonelelela ngemiba enxulumene noko.
<p>Umthetho iPrevention and Combatting of Trafficking in Persons Act, Nombolo 7 ka-2013</p>	<ul style="list-style-type: none"> Umthetho uphumeza iProthokholi yeZizwe eziManyene (UN) ukuthintela, ukuxinezelela nokohlwaya ukuqweqwediswa kwabantu ababhinqileyo nabantwana, ukukhuthaza ingqungquthela ye-UN ukuba ijongane nolwaphulo-mthetho olulungiselelweyo lwamazwe ngamazwe.

iSebe lizinikele kule misebenzi mibini ingundoqo ilandelayo:

- **Inkonzo Yentlalo-ntle Kuluntu** olukuhlelekileyo nolusemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu ngokubanzi; ze
- **Nenkonzo Yophuhliso Loluntu** enikezela ngeenkqubo zophuhliso eziluqilima, ezikhokela ukuphuhliswa koluntu ekuhlaleni.

7.3 Uxanduva Ngokwemigaqo-nkqubo

- **Uxwebhu Logayo-zimvo Lenkcazo ngoMgaqo-nkqubo Wobungakanani Babemi boMzantsi Afrika (1998)** uxhasa uphuhliso lomntu oluzinzileyo nomgangatho wobomi wabemi baseMzantsi Afrika ngokudibanisa imiba yabantu kwisicwangciso sophuhliso kwiinkalo ezahlukeneyo zikarhulumente nawo onke amacandelo oluntu. I-DSD inikwe igunya ngumgaqo-nkqubo ukuba ihlole ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo, iimpembelelo zawo kumzila wabantu notshintsho ngokomba wophuhliso lomntu.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo Ngentlalo-ntle Yoluntu (1997)** lisebenza njengesiseko sentlalo-ntle yoluntu emva ko-1994 ngokwenza imithetho-siseko enika isikhokelo, imigaqo-nkqubo nemigaqo yeenkqubo zophuhliso kwintlalo-ntle yoluntu.
- **Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe (2012):** I-National Planning Commission ipapashe i“National Development Plan: Vision for 2030” ngowe-11 Novemba 2011 njengenathelo lokuqala indlela entsha yoMzantsi Afrika enjongo yayo ikukuphelisa intlupheko icuthe nokungalingani ngo-2030. I-National Development Plan 2030: Our future – make it work” ehlaziyiweyo yapapashwa ngo-2012.
- **I-One Cape 2040: Ukusuka Kumbono ukuya Kwintshukumo (2012):** URhulumente weNtshona Koloniwamkele lo mbono ngo-Oktobha 2012. Injongo yawo kukuhlupheza utshintsho lweNtshona Koloni ebandakanya wonke ubandakanya neneqoqoqasho olukhulayo nolomeleleyo. Ichaza umbono wendlela abantu baseNtshona Koloni abanokusebenzisana ngayo ukuphuhlisa uqoqosho lommandla wabo nololuntu ngokubanzi, ze ngaloo ndlela bakhokele yayev bacwangcise ukuzinikela okufanayo kwinkqubela yexesha elide.
- **Isicwangciso-qhinga sePhondo 2015-2020:** Esi sicwangciso-qhinga sisisicwangciso seminyaka emihlanu esidiza izicwangciso-qhinga neenjongozephondo zikaRhulumente weNtshona Koloni kule minyaka mihlanu ilandelayo. URhulumente weNtshona Koloni uchonge ezi njongo namanqaku amahlanu kumbono wayo wokufaka igalelo kwiinzame zokufezekiseka kweembono nezicwangciso zeSicwangcisoSophuhliso Lwesizwe kwisithuba sminyaka emihlanu elandelayo.
- **Umgqaqo-nkqubo woRhulumente weNtshona Koloni kwiNkxaso-mali yeeNGO ezinikezela ngeenkonzo zeNtlalo-ntle (2013):** Wamkela ukuba umiselwe ngowe-1 Epreli 2013, Injongo yalo-mgaqo-nkqubo kukuqinisekisa ukubaiintlawulo ezigqithiselwayo zilawulwa ngendlela engafihli nto ekhuthaza ukunikezelw akweempendulo, ulawulo olufanelekileyo, iimfuno zomsebenz iezicacileyo nemithetho-siseko yobulungisa kwezolawulo. Lo mgaqo- nkqubo uhambelana noMgaqo-nkqubo wokuWongwa ngeMali wesizwe.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo Weentsapho (ka-2013).** Eyona njongo yePhepha loMgaqo-nkqubo kukukhuthaza impilo entle yosapho, ukukhuthaza nokomeleza iintsapho nobomi bosapho nokufaka imiba yosapho kumalinge omgaqo-nkqubo obanzi karhulumente. I-DSD ngokuyenza isicwangciso sephondo sokuphumeza iPhepha loMgaqo-nkqubo weeNtsapho.
- **Isikhokelo Seenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu (sika-2011)** sivunywe sisiGqeba esiLawulayo seDSD kwiSizwe ukuze ziphunyezwe ngabo bonke abadlala indima ekunikezelweni kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu. Sayanyaniswe noHlobo Oluhlanganyelweyo Lokunikezelwa Kweenkonzo. Injongo yazo kukuququzelela nokunika isikhokelo sokuphunyezwa kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezibanzi, ezihlangeneyo, ezijolise kumalungelo, ezinezibonelelo ezaneleyo neenkonzo zophuhliso lwentlalo-ntle olusemgangathweni.


- **Imigaqo Nemimiselo Yeenkonzo Zentlantle (2011):** Ibonelela ngesiseko sokubonelelwa kweenkonzo ezisemgangathweni zentlantle yaye iyinxalenye yeSiikhokelo seeNkonzo zeNtlalontle.
 - **Imimiselo Elawula Iinkonzo Zoluleko (2013):** njengoMsebenzi weNtlalo obalaseleyo kuye kwapapashwa nguMphathiswa weSebe loPhuhliso loLuntu weSizwe kwiGazethi kaRhulumente njengeGazethi yemiGaqo enguNombolo 36159, ye-15 kuFebruwari ngo-2013, Vol. 572, yama-9911, ngenjongo yokulawula nokuphucula iinkonzo oonontlantle abajongene nabaphuli-mthetho.
 - **Isicwangciso Esiphambili Sokulwisana Neziyobisi (2008):** Sijolise ekuqinisekiseni ulungelelaniso lwamaSebe nabasemagunyeni ekuhlaleni kwaye sihambelana nomthetho omtsha iSubstance abuse Act. Ngaphezu koko, sijolise ekuqinisekiseni ukuba isizwe sisabela ngokufanayo ekusetyenzisweni kakubi kweziyobisi.
 - **Isikhokelo Sokukhokela Iingcali Kwikhono Lentlalo-ntle eMzantsi Afrika (sika-2011):** Esi sakhelo sifuna ukubonelela ngolawulo olusebenzayo loonontlalontle, oonontlalontle abasafundayo, abasebenzi abancedisayo kwezentlalo, abasebenzi abancedisayo kwezentlalo abasafundayo, iingcalizomsebenzi wentlalo neengcali zabucala ukuze ziqinisekise ngomsebenzi osesikwen wentlalo olungiselela abo basebenzisa ezo nkonzo eMzantsi Afrika kwicandelo lentlalo. Iinjongo zesakhelo kukuqwalasela nokubonelela ngeendlela ezifanelekileyo nezisemgangathweni ezinika isikhokelo kulawulo.
- Isikhokelo Sokuqinisekisa Umgangatho Womsebenzi Wenntlalo-ntle Yoluntu (sika-2013)** sijolise ekuboneleleni ngeenkqubo ezingatshintshiyo nemigangatho ecacileyo yokuhlola impumelelo nokuququzelela ukuphuculwa okuqhubekayo kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu.
- **Uvimba Weenkqubo ze-ECD Ezibhalisiweyo:** Umiselo nokumenteyinwa kewrekhodi yazo zonke iinkqubo zeECD ezibhaliswe kwiphondo njengoko kufuneka kwenziwe njalo ngokwenkcaza yeCandelo 92 (2)(a) leChildren's Act.
 - **Isicwangciso-qhinga Sokuqinisekisa Umgangatho Womsebenzi kwiiCYCCs:** Ukwenziwa nokulawulwa kwesicwangciso sokuqinisekisa umgangatho siyenziwa kumaziko abantwana nawolutsha njengoko kuyalelwe liCandelo 211 nomgaqo 89 weChildren's Act.
 - **Isicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha seSebe Lophuhliso Loluntu (2013):** Ukukhokela, ukwazisa nokukhomba indlela emayilandelwe ziinkqubo zophuhliso lolutsha zeSebe nezinto emazibekwe phambili ngamaziko. Sisebenza njengesixhobo esibalulekileyo esinjongo yaso ikukujongana nezidingo zolutsha lwaseNtshona Koloni.
 - **Isicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha sikaRhulumente weNtshona Koloni (2013):** "Injongo yesicwangciso sophuhliso lolutsha (sephondo) kukufumana inkxaso, amathuba neenkonzo zabo bonke abantu abatsha ukuze bajongane neemeko zabo ze bakwazi ukuphumela ngazo ukuze bakhule babe ngabantu abadala abathatha uxanduva nabakwaziyo ukuzimela. Sigxininisa kubantu abatsha abakwisigaba sokufikisa, phakathi kweminyaka eli-10 neli-14 kunye nesigaba 'sobutshah' phakathi kweminyaka eli-15 nengama-24".¹
 - **Isicwangciso-qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo Kuphuhliso Lwabantwana Abaselula (2012):** Esi sicwangciso sinceda ukuba uluntu lufikelele kwizibonelelo ze-ECD ezisemgangathweni (ezibandakanya iBanga R) eziza kunceda abantwana abaninzi kangangoko ukuba bomelele yaye bazithembe, bafumane izakhono nokukwazi

¹Ithathwe kwiMbulambethe yeWestern Cape Youth Development Strategy sika-2013 yeNkulumbuso uHelen Zille.

ukuzenzela izinto ukuqinisekiswa ukuba baxhotyiswe kakuhle yaye sele belungele ukuba ngabafundi baMabanga 1 – 12.

- **UMgaqo-nkqubo Wesizwe Ongokunikezelwa Kweenkonzo Zophuhliso Loluntu Kubantu Abakhubazekileyo (2013):** Injongo ephambili kukukhokela nokuququzelela ubonelelo lweenkonzo zophuhliso loluntu kubantu abakhubazekileyo. Injongo yawo kukuqinisekisa ukuba isidima namalungelo abo bonke abantu abakhubazekileyo ayagcinwa yaye ayathotyelwa, ngokubonelela iinkqubo zentlalo noqoqosho eziqinisekisa ukuba bayabandakanywa.

8 ISIMO SESEBE



9 AMAQUMRHU ANIKEZELA IINGXELO KUMPHATHISWA

Awekho.

ISIGABA B: IINKCUKACHA NGENTSEBENZO

ISIGABA B: IINKCUKACHA ZENTSEBENZO

1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI OYINTLOKO: IINJONGO EZICWANGCISIWEYO

UMphicothi-zincwadi Oyintloko woMzantsi Afrika kungoku wenza iinkqubo ezithile zomsebenzi wophicotho-zincwadi ngeenkukacha zentsebenzo ngenjongo yokunikezela isiqinisekiso esisiso ngokwesigqibo sophicotho. Isigqibo sophicotho ngentsebenzo ngokuthelekiswa neenjongo zesicwangciso siqukwa kwingxelo edluliselwa kubalawuli, apho kunikezelwa ingxelo nangemiba yemiba ekhoyo phantsi kwesihloko Seenjongo Ezicwangcisiweyo kule Nngxelo kumanye amacandelo eemfuno zemithetho nemimiselo zengxelo yomphicothi.

2. ISIMO SESBE NGOKWENTSEBENZO

2.1 Imeko Yokunikezelwe Kweenkonzo

linguqu ezingundoqo kwisimo samanani abemi ezithe zanefuthe kwimeko yenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo lisebe kunyaka-mali u-2014/15 ziquka ubungakanani, nokukhula kwamanani abemi bephondo. NgokweSibalo-bemi sika-2011, iNtshona Koloni yayinabemi abangama-5 822 734 abahlala kumakhaya asi-1 634 000. Oku ke kubonakalisa umyinge ongama-28,7% wokukhula ukususela ngo-2001. Owona myinge mkhulu wokukhula kwenzeke kubantu ababudala busukela kuma-20-29, ngenxa yokwanda kwemeko yokufudukela kweli Phondo.

Uninzi lwamakhaya akweli phondo abe engenazo izibonelelo ezidingekayo ukuze zimelane neemfuno zokuphila zamalungu azo. Le mingeni ke ibonakaliswa lizinga lentswela-ngqesho elikuma-22,9% kwikota yesine ka-2014 ndawonye nokukhula kweakule ntswela-ngqesho ukuya kuma-24,5%². Umyinge wamakhaya akwisigaba salawo abalelwa ukuba akwiingingqi zamatyotyombe okanye angamatyotyombe asemva emizini yabantu othe wenyuka ukusuka kwu-3,4% ukuya kwi-6,4% phakathi kweSibalo-bantu sika-2001 kunye neSibalo-bantu sika-2011, uye wanefuthe nangakumbi ekubeni sesichengeni kwamakhaya.

linguqu kumkhwa wokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kweli phondo zathi zaqhuba nokwenyuka kwamanani njengoko kuthe kwabonakala ekunyukeni nge-181% komkhwa wokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi phakathi kwenyanga kaTshazimpuzi ka-2004 neyoKwindla ka-2014. Ngokwezona nkukacha zakutsha nje zonyango ezikhutshwe ngumbutho iSouth African Community Epidemiology Network on Drug Use (iSACENDU³ ngamafuphi) ku-2014, imethamphetamine (eyenyuke ngama-34%) iqhube isesona siyobisi sisetyenziswa gwenxa kakhulu kweli phondo, ilandelwa yintsangu ngama-24% kunye notywala obukuma--20%. Ezi nguqu ziyaxhalabisa ngenxa yokuba sizayanyaniswa nemingeni yomngcipheko yoluntu ezifana nolwaphulo-mthetho olunobundlobongela kwakunye nokuphathwa gadalala kwabantwana.

linguqu nemingeni eyimikhwa yoluntu engendawo kweli phondo ichaphazela imeko yoluntu ngendlela embi kwiindawo zokuhlala ndawonye nentlalo-ntle yamakhaya neyabantu ngokubanzi. Ngo-2013/14, iNtshona Koloni ibe nezinga eliphala kwindawo yesibini ekubulaweni kwabantu xa kuthelekiswa nawo onke amanye amaphondo ndawonye nezinga elikwindawo yesibini kwiinzame zokubulawa kwabantu kunye nokubethwa kwabantu okuqhelekileyo. Ubundlobongela obusekelwe kwisini, njengoko buthe babonakaliswa kwimikhuba yokuxhatshazwa ngokwesondo kweli phondo (zibe li-134 kwi-100,000 ngo-2013/14) bube bobuxhalabisayo. Inani lamatyala athe asiwa ngaphambili zokuxhatshazwa ekhayeni athe enyuka nge-18% kwisithuba esisukela ngo-2007 ukuya kutsho ngo-2010 (ikhutshwe liSebe Lophuhliso Loluntu leNtshona Koloni, ngo-2013).

Ngokweenkonde neenkondekazi, isihlandlo Sobalo-bantu sika-2011 lwabonisa ukuba iNtshona Koloni inabemi abangama-520,785 ababudala bungama-60 nangaphezulu. Inani labantu abakweli qela leminyaka yobudala likhule ngama-48% phakathi koBalo-bantu oluphakathi kuka-2001 no-2011. Iintelelekelelo zakutsha nje ngamanani abemi ziphinde zabonisa ukuba amanani abemi ababudala buyiminyaka engama-60 nangaphezulu buyakwanda ngama--35% phakathi kuka-2011 no-2020. Isidingo esilindelekileyo sokwandiswa kweenkonzo kule meko yokusweleka kwezibonelelo siyakuxhasa ukugxila kweNkqubo ekuqulunqweni kweendlela zononophelo ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni.

kuBalo-bantu luka-2011, bamalunga ne-1 041 553 abantu aekwakuphume iingxelo zokuba baphila neentlobo ezahlukeneyo zokukhubazeka kwiNtshona Koloni, ngaphandle kwabo

² yiStatistics South Africa (2015). Uphando Lwekota Olungabasebenzi: Kwikota 4, 2014.

³ <http://www.sahealthinfo.org/admodule/sacendu.htm>

bazinonophelayo⁴. Kumba weentlobo zokukhubazeka, uBalo-bantu luka-2011 lwabonisa ukuba olona hlobo lokukhubazeka kubabazwa ukuba luninzi kweli phondo kukungaboni kakuhle (bangama-477,510), lulandelwa ziinzima ekushukumemi okanye kukungakwazi kushukuma konke-konke (bali-169,983), ukukhubazeka kokumkelwa yinkumbulo (bali-161,266), ukukhubazeka ngokungeva (bali-135,880) ze abakhubazeke ngokwezonzibelelwano (bangama-96,838). Li-190,929 labantu abangakwaziyo ukuzinonophela.

ngokoBalo-bantu luka-2011, iphondo eli lilikhaya kubantwana aba-1 739 425 abaphakathi kwesizalo neminyaka eli-17 ubudala. Kukho ke imingeni eyahlukeneyo yoqoqosho loluntu enefuthe kwintlalo-ntle yabantwana. Umzekelo, uBalo-bantu luka-2011 lwadiza ukuba ngabantwana abali-19,645 ekwaziwa ukuba baphulukene nomama notata futhi ke kukho nama-3,482 amakhaya akhokelwa ngabantwana kweli phondo. Indaba yokuba inani labantwana ngokwepesenti abaphila kumakhaya ahlelelekileyo ngokweniso (amakhaya anengeniso yenyanga ethelekelelwa ekubeni ngaphantsi kwama-R604) kweli phondo – banengama-27, 4% ngo-2012⁵, iyaxhalabisa. Uphando Olumbaxa Ngamakhaya luka-2012 lwafumanisa ukuba i-10% labantwana beli phondo baphila kumakhaya angenamntu mdala uphangelayo.

Abantwana beli phondo ke bajamlenene nomngcipheko wokuphathwa gadalala nokungahoyakali ngenxa yeemeko zemfuzo ezithande ekugqugqisa kwiNtshona Koloni. Uhlalutyo lwakutsha nje lwamatyala athi asiwa ngaphambili zokutyholwa kokuphathwa gadalala kwabantwana kweli phondo lwaveza izinga lezenzo zokuphathwa gadalala kwabantwana ezingamakhulu amabini kubantwana aabalikhulu lamawaka kwisithua sokunikezelwa kwengxelo (esisuka kwekaTshazimpuzi ka-2013 – kweyoKwindla ka-2014)⁶.

ngokoBalo-bantu luka-2011, iNtshona Koloni inabantwana ababudala busukela esizalweni ukuya kwisine seminyaka ababaleleka kuma-570,000. Eli nani ke akulindelekanga ukuba lenyuke kakhulu kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo futhi ke kungenjalo liyakwehla kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo ngenxa yokwehla kwezinga lokuchuma komama kweli phondo⁷. Isidingo seenkonzo zophuhliso lwabantwana abaselula ke ngoko siyakugxila kwiinkalo ezingafumani zinkonzo zaneleyo okwangoku.

INtshona Koloni inolutsha oluthelekelelwa kwi-2 200 000 oluquka ama-38% abemi beli phondo. Kukho inkxalabo ke ngememo yoqoqosho neyemfundo kulutsha lweli phondo. Xa sisebenzisa iinkcukacha zoBalo-bantu luka-2011, kuye kwabalwa kwafunyaniswa ukuba i-13% yolu lutsha (olumalunga nama-277,160) lungafakwa kwinkalo yeNEETS⁸. Okunye okuxhalabisayo ngumkhwa wolutsha olungama-23% olungaphezu kwamashumi amabini eminyaka ubudala olungaphangeliyo. Ulutsha olungayigqibiyi imfundo yalo noluyeka lungekagqibi esikolweni luyaxhalabisa kweli phondo. ICandelo Lezophando leSebe liye laqoshelisa uphando kutsha nje malunga nolutsha lweli phondo ligxila ingakumbi kwiNEETS⁹. Ezona ziphuimo zolu phando zaphakamisa ifuthe elibi eliza nemikhwa efana nolwaphulo-mthetho olukhatsha bubundlobongela, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kunye nokugqugqisa kwamaqela oonqevu ekukhulisweni kolutsha lweli phondo. Kucacile ke ukuba imingeni olujamelene nayo ulutsha ayinakuqwalaselwa ngokukodwa kweminye imingeni yezimbo zeli phondo.

⁴ Ubalo-bantu luka-2011. Eli lingaphantsi kunenani elipheleleyo lazo zonke iintlobo zokukhubazeka ezithe zakhankanywa apha ngoba abanye abantu bakhubazeke ngeendlela ezahlukeneyo yay eke babandakanywe kwiinkalo ezingaphaya kwebakala ellinye.

⁵ yiSouth African Child Gauge: 2014. (2014). yeDyunivesithi yaseKapa.

⁶ 0.2% of all children

⁷ Iintlekelelo Zamanani Abemi beNtshona Koloni: zika-2011 – 2014, yiPrice WaterHouse Coopers, kweyoKwindla ka-2014, zikhutshwe liSebe Lophuhliso Loluntu.

⁸ iNEETS ibhekisa kulutsha abangaophezu kwe-15 nangaphezulu, abaphume esikolweni phambi kokuba bayigqibe iMatriki, abangaphangeliyo nabangenasakhono okanye luqeqesho.

⁹ Sauls, Heidi (2014).Uhlalutyo Lwemeko Yolutsha kwiNtshona Koloni. Ingxelo yophando lwangaphakathi eyenzelwe iSebe Lophuhliso Lolutsha leNtshona Koloni. Idrafti yokugqibela.

Ukulwisana noburhalarhume bemingeni yoluntu kusengumngeni omkhulu futhi ke iSebe sele liphendule ngokuqinisekisa ukuba isidingo seenkonzo kuyamelwana naso ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkonzo neenkqubo ezizakuqinisekisa ukungena kwefuthe elibanzi kwiimpilo zabona bantu basemngciphekweni. Iingxelo ezigqibeleleyo ndawonye nesimo sendlela elisebenza ngayo iSebe ukumelana neningeni yokunikezelwa kweenkonzo zikho kwicandelo elijongene Nentsebenzo Yeenkqubo kule ngxelo.

2.2 Isicwangciso Sokuphuculwa Kwenkqubo Yokunikezelwa Kweenkonzo

Isibe liqulunqe ze laphumeza Izicwangciso Zokuphuculwa Kwenkqubo Yokunikezelwa Kweenkonzo kumba (1) Wokubhaliswa Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga kunye (2) Nokubekwa kwabantwana kumakhaya okubagcina okwexeshana, nkqubo leyo ithabatha iminyaka emithathu yaye ke izakuqosheliswa ngenyanga yoKwindka ka-2016.

Ezi theybhile zingezantsi apha zibonakalisa isicwangciso sokunikezelwa kweenkonzo ndawonye neenzuzo ukuza kuthi ga ngoku.

Ezona nkonzo nemigangatho engundoqo

linkonzo ezingundoqo	Abazuzi	Imgangatho weyona nkonzo/wenkonzo yangoku (2013/14)	Umgangatho wenkonzo onqwenelekayo	Eyona Nzuzo (2014/15)
Ukubhaliswa kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga	Amaziko e-ECD nawononophelo lwasemva kwesikolo aphantsi kobunini boluntu ekuhlaleni	a) Amaziko ononophelo olungagqibel elanga abhalisiweyo ali-1,697	a) Amaziko ononophelo olungagqibel elanga abhalisiweyo ali-1,900	a) Amaziko ononophelo olungagqibelelanga abhalisiweyo ali-1,909 kubekho impucuko eninzi ekuzuzeni iziqinisekiso zokubhaliswa kwiingingqi ukuze kufakwe kwirejista. Noko kunjalo ke kusoloko kukho imibutho ephelwe lithuba lokubhalisa ndawonye nokulibaziseka ekubhaliseni
Ukufakwa kwabantwana kuygcino lwexeshana	Abantwana abadinga unonophelo nokhuseleko njengesiphumo sokuphathwa gadalala, ukungahoyakali nokulahlelwa izandla	a) abantwana abangama-3,343 bafakwa kugcino lwexeshanana	a) abantwana abangama-3,068 43 bafakwa kugcino lwexeshanana	a) abantwana abangama-3,068 bafakwa kugcino lwexeshanana. Intsebenzo yeenkqubo ngo-2014/15 yathi yabetha ngaphezu kwezicwangciso ngenxa yesidingo esiphezulu sokufakwa kwabantwana kwezi nkqubo

Amalungiselelo eBatho Pele kunye nabazuzi (Ukubonisana, ukufikeleleka, njalo-njalo)

Awona/amalungiselelo angoku	Amalungiselelo anqwenelekayo	Ezona Nzuzo
<p>Ukubhaliswa Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga</p> <p>Ukubonisana:</p> <p>a) Iforam Yekota Yamahlakani kwi-ECD. b) Iforam ye-ECD Kwimimandla c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano Yokunikezelwa Kweenkcukacha</p> <p>Ukufikeleleka:</p> <p>a) uNdlu-nkulu (kwa-14 kwiSitalato iQueen Victoria, eKapa) b) Ii-ofisi Zemimandla ezi-6 kwiMetro ekuMazantsi: eWynberg, kwiMetro ekuMantla: eGoodwood, kwiMetro ekwiMpuma: e-Eersteriver, kuNxweme OlukwiNtshona: eVredenburg, kwiCape Winelands: eVostile, kwi-Eden Karoo: eGeorge c) Ii-ofisi Zezithili ezingama-34</p> <p>Ukucingela:</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo b) Iimbalelwano eziya kuMphathiswa / kwiNtloko yeSebe/ kuMlawuli woMmandla c) uNdlu-nkulu (kwi-ECD) d) Abaququzeleli Bemimandla e) Igosa Lononophelo lwabaxhamli</p> <p>Ukuvuleleka & Nokubonakala:</p> <p>a) Iforam Yekota Yamahlakani kwi-ECD. b) Iforam ye-ECD Kwimimandla c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano</p>	<p>Ukubonisana:</p> <p>a) Iforam Yekota Yamahlakani kwi-ECD. b) Iforam ye-ECD Kwimimandla c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano Yokunikezelwa Kweenkcukacha</p> <p>Ukufikeleleka:</p> <p>a) Ii-ofisi Zemimandla ezi-6 kwiMetro ekuMazantsi: eWynberg, kwiMetro ekwiMpuma: e-Eersteriver, kuNxweme OlukwiNtshona: eVredenburg, kwiCape Winelands: eVostile, kwi-Eden Karoo: eGeorge b) Ii-ofisi Zezithili ezingama-45</p> <p>Ukucingela:</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo b) Iimbalelwano eziya kuMphathiswa / kwiNtloko yeSebe/ kuMlawuli woMmandla c) uNdlu-nkulu (kwi-ECD) d) Abaququzeleli Bemimandla e) Igosa Lononophelo lwabaxhamli</p> <p>Ukuvuleleka & Nokubonakala:</p> <p>a) Iforam Yekota Yamahlakani kwi-ECD. b) Iforam ye-ECD Kwimimandla c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano</p>	<p>Ukubonisana:</p> <p>a) a) Iforam Yekota Yamahlakani kwi-ECD. b) b) Iforam ye-ECD Kwimimandla c) c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) d) Imihlangano Yokunikezelwa Kweenkcukacha</p> <p>Ukufikeleleka:</p> <p>a) uNdlu-nkulu (kwa-14 kwiSitalato iQueen Victoria, eKapa) b) Ii-ofisi Zemimandla ezi-6 kwiMetro ekuMazantsi: eWynberg, kwiMetro ekuMantla: eGoodwood, kwiMetro ekwiMpuma: e-Eersteriver, kuNxweme OlukwiNtshona: eVredenburg, kwiCape Winelands: eVostile, kwi-Eden Karoo: eGeorge c) Ii-ofisi Zezithili ezingama-34</p> <p>Ukucingela:</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo b) Iimbalelwano eziya kuMphathiswa / kwiNtloko yeSebe/ kuMlawuli woMmandla c) uNdlu-nkulu (kwi-ECD) d) Abaququzeleli Bemimandla e) Igosa Lononophelo lwabaxhamli</p> <p>Ukuvuleleka & Nokubonakala:</p> <p>a) Iforam Yekota Yamahlakani kwi-ECD. b) Iforam ye-ECD Kwimimandla c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano</p>

Awona/amalungiselelo angoku	Amalungiselelo anqwenelekayo	Ezona Nzuzo
<p>Yokunikezelwa Koqeqesho e) Ukuqulunqwa kweSicwangciso- qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo kwi- ECD f) Inkqubo Ephunyeziweyo Yendlela Yokusebenza kwanokuxhaswa ngemali Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga</p> <p>Ixabiso Lemali:</p> <p>a) Ewe, ngokwayanyaniswa neemfuno zemithetho</p>	<p>Yokunikezelwa Koqeqesho e) Ukuqulunqwa kweSicwangciso-qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo kwi- ECD f) Inkqubo Ephunyeziweyo Yendlela Yokusebenza kwanokuxhaswa ngemali Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga</p> <p>Ixabiso Lemali:</p> <p>a) Ewe, ngokwayanyaniswa neemfuno zemithetho</p>	<p>Yokunikezelwa Kweenkcukacha e) Ukuqulunqwa kweSicwangciso- qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo kwi- ECD f) Inkqubo Ephunyeziweyo Yendlela Yokusebenza kwanokuxhaswa ngemali Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga</p> <p>Ixabiso Lemali:</p> <p>a) Yes, in alignment with Legislative requirement</p>
<p>Ukubekwa kwabantwana kugcino lwexeshana</p> <p>Ukubonisana:</p> <p>a) Udliwano-ndlebe b) Ukuthuthuzelwa c) Imihlangano Yeengcaciso d) Imihlangano yeenkcazelo e) Iingxoxo Zasetafileni f) Ukutyelwelelwa kwamakhaya</p> <p>Ukufikeleleka:</p> <p>a) uNdlu-nkulu (kwa-14 kwiSitalato iQueen Victoria, eKapa) b) Ii-ofisi Zemimandla ezi-6: iWynberg, iGoodwood, iVredenburg, iVostile, iGeorge ne-Eersteriver c) Ii-fisi Zezithili ezingama-34</p> <p>Ukucingela:</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana) d) Abaquzeleli Bemimandla e) Igosa Lononophelo Lwabaxhamli f) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono</p>	<p>Ukubonisana:</p> <p>a) Udliwano-ndlebe b) Ukuthuthuzelwa c) Imihlangano Yeengcaciso d) Imihlangano yeenkcazelo e) Iingxoxo Zasetafileni f) Ukutyelwelelwa kwamakhaya</p> <p>Ukufikeleleka:</p> <p>a) uNdlu-nkulu (kwa-14 kwiSitalato iQueen Victoria, eKapa) b) Ii-ofisi Zemimandla ezi-6: iWynberg, iGoodwood, iVredenburg, iVostile, iGeorge ne-Eersteriver c) Ii-fisi Zezithili ezingama-45</p> <p>Ukucingela:</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana) d) Abaquzeleli Bemimandla e) Igosa Lononophelo Lwabaxhamli f) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono Entlalo-ntle</p>	<p>Ukubonisana:</p> <p>a) Udliwano-ndlebe b) Ukuthuthuzelwa c) Imihlangano Yeengcaciso d) Imihlangano yeenkcazelo e) Iingxoxo Zasetafileni f) Ukutyelwelelwa kwamakhaya</p> <p>Ukufikeleleka:</p> <p>a) uNdlu-nkulu (kwa-14 kwiSitalato iQueen Victoria, eKapa) b) Ii-ofisi Zemimandla ezi-6: iWynberg, iGoodwood, iVredenburg, iVostile, iGeorge ne-Eersteriver c) Ii-fisi Zezithili ezingama-35</p> <p>Ukucingela:</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana) d) Abaquzeleli Bemimandla e) Igosa Lononophelo Lwabaxhamli f) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono Entlalo-ntle Yoluntu)</p>

Awona/amalungiselelo angoku	Amalungiselelo anqwenelekayo	Ezona Nzuzo
<p>Entlalo-ntle Yoluntu)</p> <p>Ukuvuleleka Nokubonakala:</p> <p>a) linkqubo Zokwazisa b) Imihlangano Yokunikezela Ngeenkukacha c) Udliwano-ndlebe d) Ukuthuthuzela e) Imihlangano yeengcaciso f) Imihlangano yeenkcazelo g) Ingxoxo zasetafileni h) Ukutyelelwa kwamakhaya i) Unxibelelwano Ngomlomo Nangezibhalo</p> <p><u>linzuzo Ezizezinye:</u></p> <p>a) Ukuhlolwa kwezivumelwano zezibhambathiso kuyenzeka</p>	<p>Yoluntu)</p> <p>Ukuvuleleka Nokubonakala:</p> <p>a) linkqubo Zokwazisa b) Imihlangano Yokunikezela Ngeenkukacha c) Udliwano-ndlebe d) Ukuthuthuzela e) Imihlangano yeengcaciso f) Imihlangano yeenkcazelo g) Ingxoxo zasetafileni h) Ukutyelelwa kwamakhaya i) Unxibelelwano Ngomlomo Nangezibhalo</p> <p><u>linzuzo Ezizezinye:</u></p> <p>a) Ukuhlolwa kwezivumelwano zezibhambathiso kuyenzeka</p>	<p>Ukuvuleleka Nokubonakala:</p> <p>a) linkqubo Zokwazisa b) Imihlangano Yokunikezela Ngeenkukacha c) Udliwano-ndlebe d) Ukuthuthuzela e) Imihlangano yeengcaciso f) Imihlangano yeenkcazelo g) Ingxoxo zasetafileni h) Ukutyelelwa kwamakhaya i) Unxibelelwano Ngomlomo Nangezibhalo</p> <p><u>linzuzo Ezizezinye:</u></p> <p>a) Ukuhlolwa kwezivumelwano zezibhambathiso kuyenzeka</p>

Isixhobo seenkcukacha ngokunikezelwa kweenkonzo

Izixhobo zeenkukacha ezikhoyo/ezizzo	Izixhobo zeenkukacha ezinqwenelekayo	Ezona zinzuzo
<p>Ukubhaliswa Kwamaziko Anikezela Unonophelo Olungagqibelelanga</p> <p>a) Iforam yekota Yamahlakani kwi-ECD b) Iforam Yemimandla kwi-ECD c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano yokunikezelwa kweenkcukacha e) Imihlangano yokunikezelwa koqeqesho f) Ukuqulunqwa Kwesicwagciso-qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo kwi-ECD g) Inkqubo Ephunyeziweyo Yendlela Yokusebenza kwanokuxhaswa ngemali Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga h) Iwebsite yeSebe i) Uvimba-nkcukacha Wononophelo Olungagqibelelanga j) Amaphetshana, iibrotsha kunye neeflaya</p>	<p>a) Iforam yekota Yamahlakani kwi-ECD b) Iforam Yemimandla kwi-ECD c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano yokunikezelwa kweenkcukacha e) Imihlangano yokunikezelwa koqeqesho f) Ukuqulunqwa Kwesicwagciso-qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo kwi-ECD g) Inkqubo Ephunyeziweyo Yendlela Yokusebenza kwanokuxhaswa ngemali Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga h) Iwebsite yeSebe i) Uvimba-nkcukacha Wononophelo Olungagqibelelanga j) Amaphetshana, iibrotsha kunye neeflaya</p>	<p>a) Iforam yekota Yamahlakani kwi-ECD b) Iforam Yemimandla kwi-ECD c) Iforam Yeengingqi kwi-ECD d) Imihlangano yokunikezelwa kweenkcukacha e) Imihlangano yokunikezelwa koqeqesho f) Ukuqulunqwa Kwesicwagciso-qhinga Sephondo Esihlanganyelweyo kwi-ECD g) Inkqubo Ephunyeziweyo Yendlela Yokusebenza kwanokuxhaswa ngemali Kwamaziko Ononophelo Olungagqibelelanga h) Iwebsite yeSebe i) Uvimba-nkcukacha Wononophelo Olungagqibelelanga j) Amaphetshana, iibrotsha kunye neeflaya</p>
<p>Ukufakwa Kwabantwana Kugcino Lwexeshana</p> <p>a) linkqubo Zokwazisa b) Imihlangano Yokunikezela Ngeenkukacha c) Udliwano-ndlebe d) Ukuthuthuzela e) Imihlangano yeengcaciso f) Imihlangano yeenkcazelo g) Ingxoxo zasetafileni h) Ukutyelwa kwamakhaya i) Unxibelelwano Ngomlomo Nangezibhalo j) Amaphetshana k) liposta</p> <p><u>linzuzo ezizezinye:</u> a) Imihlano yokunikezelwa koqeqesho</p>	<p>a) linkqubo Zokwazisa b) Imihlangano Yokunikezela Ngeenkukacha c) Udliwano-ndlebe d) Ukuthuthuzela e) Imihlangano yeengcaciso f) Imihlangano yeenkcazelo g) Ingxoxo zasetafileni h) Ukutyelwa kwamakhaya i) Unxibelelwano Ngomlomo Nangezibhalo j) Amaphetshana k) liposta</p> <p><u>linzuzo ezizezinye:</u> a) Imihlano yokunikezelwa koqeqesho</p>	<p>a) linkqubo Zokwazisa b) Imihlangano Yokunikezela Ngeenkukacha c) Udliwano-ndlebe d) Ukuthuthuzela e) Imihlangano yeengcaciso f) Imihlangano yeenkcazelo g) Ingxoxo zasetafileni h) Ukutyelwa kwamakhaya i) Unxibelelwano Ngomlomo Nangezibhalo j) Amaphetshana k) liposta</p> <p><u>linzuzo ezizezinye:</u> a) Imihlano yokunikezelwa koqeqesho</p>

Iindlela zokufaka izikhalazo

Izixhobo zeenkukacha ezikhoyo/ezizo	Izixhobo zeenkukacha ezinqwenelekayo	Ezona zinzuzo
<p>Ukubhaliswa Kwamaziko Ononophelo Olungaqibelelanga</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo</p> <p>b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla</p> <p>c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana Abaselula)</p> <p>d) Abaququzeleli Bemimandla</p> <p>e) Amagosa Oononophelo Lwabaxhamli</p> <p>f) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono Entlalo-ntle Yoluntu)</p> <p>Ukufakwa kwabantwana kunonophelo lwakhu</p> <p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo</p> <p>b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla</p> <p>c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana Abaselula)</p> <p>d) Abaququzeleli Bemimandla</p> <p>e) Amagosa Oononophelo Lwabaxhamli</p> <p>f) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono Entlalo-ntle Yoluntu)</p>	<p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo</p> <p>b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla</p> <p>c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana Abaselula)</p> <p>d) Abaququzeleli Bemimandla</p> <p>e) Amagosa Oononophelo Lwabaxhamli</p> <p>f) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo</p> <p>g) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla</p> <p>h) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana Abaselula)</p> <p>i) Abaququzeleli Bemimandla</p> <p>j) Amagosa Oononophelo Lwabaxhamli</p> <p>k) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono Entlalo-ntle Yoluntu)</p>	<p>a) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo</p> <p>b) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla</p> <p>c) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana Abaselula)</p> <p>d) Abaququzeleli Bemimandla</p> <p>e) Amagosa Oononophelo Lwabaxhamli</p> <p>f) Inombolo yomnxeba engahlawulelwayo</p> <p>g) Imbalelwano eya kuMphathiswa/kwiNtloko yeSebe/kuMlawuli Wommandla</p> <p>h) uNdlu-nkulu (Kunonophelo Nokhuselelo Lwabantwana Abaselula)</p> <p>i) Abaququzeleli Bemimandla</p> <p>j) Amagosa Oononophelo Lwabaxhamli</p> <p>k) iSACSSP (eliBhunga loMzantsi Afrika Lamakhono Entlalo-ntle Yoluntu)</p>

2.3 Imeko yesebe

Ukwakhiwa kwesebe elikhutheleyo nelisebenzayo kungundoqo ekumelaneni neningeni ekwinkqubo yethu yokunikezelwa kweenkonzo. Ezona nkalo ziphambili kweli bakala ibe kukuphucula isimo sesebe, isiseko ngokwabasebenzi, iinkqubo zolawulo ndawonye neenkqubo zoshishino ezingundoqo kweli Sebe.

Isimo sesebe

Ngenyanga yoKwindla ka-2014, uMphathiswa uFritz wathi waphumeza isimo esitsha samacandelo: Elolawulo Lweenkonzo Zentlalo-ntle Nezoluntu Ekuhlaleni kunye Nelophuhliso Lweentsebenziswano nto leyo yadala amandla angamanye ingakumbi kumba nenkalo echaphazela ukuhlolwa kweenkonzo ezinikezelwa ziNPO ndawonye nokusekwa

kweCandelo Lolawulo: Ezophuhliso Lwabantwana Abaselula Nononophelo Olungagqibelelanga. Ukulungelelaniswa kwanokufakwa kwabasebenzi kwizikhundla kwathi kwaqosheliswa ngomhla we-15 kwinyanga yoKwindka ka-2014 ze inkqubo yokugaya abasevebzui yona ibe yileyo isaqhubayo.

Ukufakwa kwezibonelelo kwii-ofisi zeenkqubo kundlu-nkulu kuhlanganisa inkxaso yezolawulo nezohlolo novavanyo ekulawulweni kweenkcukacha zentsebenzo ndawonye novavanyo nohlolo lwemigaqo nemimiselo njengoko sisitsho isidingo semithetho ethile efana neChildren's Act, iSubstance Abuse Act kunye ne-Older Persons Act. Ezi zibonelelo zongeziweyo zabasebenzi zenza ukuba igosa elilawula isabelo-mali kwinkqutyana likwazi ukulawula ixesha nobunganga bephulo kuhlolo, ukwakhiwa kwesakhono esisodwa sokuhlola ndawonye nendlela esebenzayo yokulawula iinkcukacha zentsebenzo yeenkqubo. Okona kwenziwa zezi zicwangciso ke kukubeka ndawonye uxanduva namandla okulawula intsebenzo yeenkqubo, uhlolo lokuphunyezwa kwemigaqo nemimiselo yemithetho ibe yiyo ken ale nto ulawulo lwezibhambathiso lusezandleni lwabo baphethe izabelo-mali kwiinkqubo.

Isikhokelo esiphunyeziweyo sathi sasetyenziswa ngempumelelo xa sasizanywayo kwiminyaka-mali u-2013/14 no-14/15 ze sadlala indima enkulu kweli Sebe ngokuthi ifumane isiphumo sayo sokuqala esingangxengwanga sophico-zincwadi kwiinjongo ebezicwangcisiwe ngenyanga yeThupha ka-2014. Isicwangciso-qhinga sihlolo novavanyo sika-2013 kunye nomgaqo-nkqubo wephondo wokuxhaswa ngemali kweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu nezophuhliso loluntu ekuhlaleni esikhatshwa kukuphunyezwa yimigaqo nemigangatho yeendlela zokusebenza kulawulo lweenkcukacha zentsebenzo zize nemeko yomgaqo-nkqubo weendlela zokusebenza ngenjongo yokuphunyezwa kweenguqu kwisebe ezize kukuhlanganyiswa kweenkqutyana zohlolo novavanyo.

Ezinye izilungiso ezicwangcisiweyo ezizezinye kwisithuba sonyaka-mali ozayo ziquka uphando Loyilwa Ngokutsha kwee-ofisi zemimandla ezintathathu zeSebe, Abalawuli Bamaziko Necandelo Lohlolo ndawonye neCandelo Lolawulo: Ucwangciso Loshishino Nescicwangciso-qhinga ngenjongo yokuqinisekisa isakhono esifanelekileyo sezibonelelo zabasebenzi ndawonye nendlela entle yokusetyenziswa kwezibonelelo ezikhoyo.

Iinkqubo Zoshishino

Iinkqubo zolawulo lweenkcukacha zentsebenzo zithe zahlengahlengiswa ngernjongo yokuqinisekisa ukuba iinkcukacha ezithe zaqokelelwa zizezichanekileyo, zisesexesheni yaye zigqibelele. Umzekelo, iSOP eyingxenywe yesi sikhokelo iye ihlengahlengiswe rhoqo ngonyaka ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iinkcukacha eziqokeleleweyo zinikezela ngomlinganiselo ochanekileyo weenjongo zenzuzo kumba weenjongo ezicwangcisiweyo. Kwangokunjalo, iingcaciso zezalathisi zobuxhakaxhaka zathi zahlengahlengiswa nabasebenzi kunye neeNPO ezifumana inkxaso-mali ukuze kuqinisekise ukunikezelwa kweengxelo ezichanekileyo.

ISebe eli nalo lingene kwiphulo lokucwengisa iishedyuli zeenkono ezixhasa isivumelwano salo somgangatho wennkonzo zalo kunye neCandelo Leenkono Lolawulo eliseDotP. Izinyanzeliso zeDotP nezeSebe Lokhuseleko Loluntu ziye zakhutshwa, zacaciswa, zanikwa amaxesha okusetyenzwa ndawonye namagosa anoxanduva lwaloo msebenzi.

ISebe sele liqulunqe nemigangatho nemimiselo yokusebenza kumba wemisebenzi yeeshedyuli zeenkono zaloezinento yokwenza nokuphathwa kweenkqubo zoluleko, ulawulo lwekhefu kwakunye nokugaywa kunye nokuchongwa kwabasebenzi. Iishedyuli kunye nemigangatho nemimiselo yokusebenza iyakuqalisa ukusebenza kuphela ukususela kunyaka-mali ozayo futhi ke oko kuyakwandisa amazing okusebenza phakathi kwala masebenzi kwanangaphakathi kuwo.

Ulawulo Lwezibonelelo Zabasebenzi

Inggesho Nezithuba Zengqesho

Kwathi kwavalwa izikhewu ezibalulekileyo kwisithuba sokunikezelwa kwale ngxelo. UGqirha Robert McDonald wathi waqeshwa ngokusesikweni njengeNtloko yeSebe kwanjengokuba uMlawuli: Kwezemali, uMlawuli: Kwiinkqubo Ezizodwa ndawonye neNtloko yeCandelo likaMphathiswa. Ezimbalwa kwisikhewu ezisavulelekileyo kwisimo seCandelo Lolawulo iCFO zither zavalwa ze kwaqaliswa ngenkqubo yogayo ngenjongo yokuvula ezo zivele xa bekusayanyaniswa izakhono zabasebenzi nezikhundla kwisimo esitsha sesebe kumacandelo olawulo ajongene nentlalo-ntle yoluntu kunye nophuhliso loluntu ekuhlaleni kunye nophuhliso lweentsebenziswano ziyakuqosheliswa kulo nyaka-mali uzayo.

Uqeqesho lwabasebenzi

ISebe eli lityale kakhulu kuqeqesho lwabasebenzi balo de ladlulisela nakwimimiselo yemithetho (nge-1%). Ngenxa ke yesidingo esimandla soqeqesho esithe sabhaqwa, iSebe lithe lafaka isicelo senkxaso-mali ze lafumana inkxaso-mali kwiGunya-bantu Lemfundo Noqeqesho Kwinkalo Yempilo Nentlalo-ntle (iSETA) ezakuthi incede ama-80 abancedisi boonontlalo-ntle kunye nama-200 abasebenzi abanonophela abantwana nolutsha ngenjongo yokwenza izidanga ezo zabo zibe zezamkelekayo nezisesikweni ukuya kuthi ga ekupheleni konyaka-mali u-2015/16. Ngapha koko, kuye kwafumaneka nenkxaso-mali yeSETA ngenjongo yokunikezelwa koqeqesho lwezakhono kwiingcali kwakunye nabasebenzi kwiinkalo zezolawulo.

Iinkxaso-mali zokufunda zithe zanikezelwa ukuze kufundwe izidanga zobungcali nezizodwa apho kusweleke khona izakhono ezifana nezeenkonzoluleko, iinkonzo zokungakwazi ukuphuma kwiziyobisi ndawonye nezifundo ngeentsapho, ngaphandle nangaphakathi.

Oku ke kongeza kuqeqesho loononontlalo-ntle ekunikezeni inkcazo ngeentsizi, ukuphatha oonontlalo-ntle, ukukhuthaza nokuthuthuzela ze ngokubalulekileyo, baqeqeshwe ngemigaqo yemithetho echaphazela iinkalo abasebenza kuzo kwikhono lentlalo-ntle. Ukunikezelwa kwamathuba oqeqesho awanakubaxwa xa kugxininiswa kuwo njengoko kubalulekile uknikezela uqeqesho nezakhono ukuze kube nokuphucuka nomgangatho weenkonzoluleko ezinikezelwayo.

Imeko yobugcisa

Ukukhula ekusebenziseni ubuxhakaxhaka bobugcisa nonxibelelwano kweli Sebe kwande ngokukhawuleza kwisithuba seminyaka emine edlulileyo. Akuphuculwanga nje amatyathanga okunxibelelana koko ii-ofisi zesebe ezikwisixeko esimbaxa, ezemimandla nezezithili zither zayanyaniswa netyathanga lonxibelelwano leSixeko saseKapa elikudidi oluphezulu yay eke isiebe eli liyingxenye yeli tyathanga linabileyo lonxibelelwano lisebenzayo kungoku nje. ISebe ke likwaqalise ngenkqubo yokuphucula nokucwengisa iindlela zayo zokulawula umsebenzi walo wolawulo lwezithuthi zesebe (kuquka nezabucala) ndawonye nezibonelelo zobuxhakaxhaka bobugcisa nonxibelelwano.

Kuthe kwaqulunqwa isicwangciso esiphambili sobuxhakaxhaka bobugcisa nonxibelelwano sika-2015-20 esiphakamisa ukuqulunqwa kwenkqubo yokulawulwa kwamatyala (yeenkonzoluleko) kunye nenkqubo yeDSD yolawulo lweeNPO ukuze kuqwalaselwe iinkonzo ezinikezelwa yimibutho yangaphandle. Kule nkalo ke, eli Sebe lifumene inkxaso-mali efikelela kwiR1,1 sezigidi kwiSebe Leenkonzoluleko Zoluntu Nezolawulo ukuze ifakwe kwisabelo sonyaka-mali u-2016/17 ukuze kudalwe inkqubo enye yokulawula iNPO ezifumanayo nezingayifumaniyo inkxaso-mali kwiDSD kweli phondo. Ukulawula ubudlelwane phakathi kweeNPO ezimalunga nama-2 200 ezifumana inkxaso-mali (eziphantse zifikelele kuma-6 000 xa kongezwe nee-ECD) kunye neSebe ngumsebenzi omkhulu futhi ke inkqubo yobuxhakaxhaka bobugcisa

iyakuluphucula olu lawulo, lona ke oluyakuqinisekisa ukunikezelwa kweenkonzo ezingcono neziphucukileyo kweli phondo.

Xa sivalelisayo, ngokuthi liqwalasele umsebenzi walo wokuphuculwa kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo, iSebe lithe lazama ukufumanisa eyona ndlela iyiyo nengcono yokunikezela iinkonzo kwimeko ephawuleka ngeenzame zokunciphisa ilahleko kwakunye nemingeni yoluntu eyandayo ngokuthi lilungise ze lihlengahlengise isimo salo esikhulu nesincinci, ukuphucula imeko yalo yobuxhakaxhaka bobugcisa kwanokufikelela kumathuba adingekayo oqeqesho kubasebenzi balo.

2.4 Ezona zinguqu ziphambili kwimigaqo-nkqubo kunye neenguqu kwimithetho

- **Isicwangciso-qhinga Sokuqinisekiswa Komgangatho Kumaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha (iiCYCC):** Ukuqulunqwa nokulawulwa kwesicwangciso-qhinga sokuqinisekisa umgangatho kwenziwa kumaziko ononophelo lwabantwana nolutsha njengoko livelile igunya kwiSahluko 211 nommiselo 89 womthetho iChildren's Act.
- **UMgaqo-nkqubo Wesizwe Ekunikezelweni Kweenkonzo Zophuhliso Loluntu Kubantu Abakhubazekileyo (2013):** eyona njongo ke kukukhokela nokuquzelela ukunikezelwa kweenkonzo ezingundoqo zophuhliso loluntu kubantu abakhubazekileyo. Injongo yawo kukuqinisekisa ukuba isidima namalungelo abo bonke abantu abakhubazekileyo siyalondolozwa ze kumelwane neemfuno zaso, ngokuthi kunikezelwe iinkqubo neenkono ezidingekayo neziqinisekisa ukubandakanyeka kwabo.
- **Isikhokelo Somgaqo-nkqubo Weenkono Kubantu Abakhubazeke Ngokwasengqondweni** (ngenyanga yeNkanga ka-2014) sithe saphunyezwa yiKhabhinethi. Olu ke Luxwebhu Lomgaqo-nkqubo wePhondo oluzakukhokela ze luhlanganise ukubunjwa nokulawulwa kweenkonzo eziphantsi kwebakala leenkono zokufikelela nezenkxaso zeSebe Lophuhliso Loluntu ndawonye neendlela zokudlulisa abantwana abakhubazekileyo ziyakusekwa ngenjongo yokuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo..

3. IINJONGO EZISEKELWE KWIZIPHUMO ZESICWANGCISO-QHINGA

Inkqubo yeli Sebe yokwenziwa nokuqulunqwa kwezicwangciso-qhinga ithe yabethelela iinjongo ezintathu njengoko zithiwe thaca kwiSicwangciso-qhinga Sezicwangciso seminyaka-mali u-2010 - 2015. Kwisithuba seli thuba lokunikezelwa kwengxelo, iSebe belikhokelwe luhlu lweePSO ezisibhozo ze ekuzeni kokuphela kweli xesha oko kwathathelwa indawo kukwamkelwa nokuphunyezwa kwePSG ezintsha, ezintlanu.

Injongo 1 Yesiphumo Esisekelwe Kwisicwangciso- qhinga	Kukuphucula Ezolawulo Nokwenziwa Ngcono kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo.
	Intetho Yenjongo: Kukuphuculwa kweendlela zolawulo kwakunye nentsebenzo yecandelo ngokuthi kuqulunqwe iindlela neenkqubo zoshishino ezizizo nezisebenzayo, kuphuculwe indlela namaqumrhu okunikezelwa kweenkonzo, uphando, ucwangciso, iinkcukacha nolawulo lwentsebenzo.
	Isizathu: Kukwqandisa ubuzaza beenkoqubo zokushishina ngokuthi kuthatyathwe izigqibo ngendlela engafihlisiyo nebandakanyayo ndawonye nendlela yokuphumeza egxilileyo, kwanokuhlola nokunikezelwakweengxelo. Iindlela zoshishino, iinkqubo kunye namaqumrhu esebe ayakwenziwa asebenze ngendlela futhi abe semgangathweni ngenjongo yokuphakamisa ukuphuculwa kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kubo bonke abemi bephondo.
	Uthungelwano: Le njongo ke ithungelana noPSO 12: "Sakha Oyena Rhulumente Wommandla Uqhutywa Ngendlela Eyayo Ehlabathini" ndawonye noPSG5: 'Siseka ulawulo olulungileyo kunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ehlanganyelweyo ngokubambisana kwanokulungelelanisa umhlaba neetshukumo". Ikwathungelana ngokusondeleleneyo Nesiphumo Sesizwe 12: "Inkonzo esemgangathweni nesebenzayo esekelwe kuphuhliso ndawonye nabemi abaxhotyisiweyo, abangenagxeke nababandakanywayo". Le Njongo ithungelana kuhle nesiphumo seNDP 2030: 'Sakha umbuso onesakhono sokusebenza nosekelwe kuphuhliso' ze 'Silwe urhwaphilizo' kunye nesiphumo seMTSF 2019: 'Inkonzo yoluntu esemgangathweni nesebenza kuhle esekelwe kuphuhliso.'
IGosa Elongameleyo kwiSebe Lophuhliso Loluntu lilo elithathela kulo uxanduva lokuphumeza Isicwangciso-qhinga Solawulo Lomngcipheko ngokwemigaqo yeSikhokelo Solawulo Lomngcipheko Eburhulumenteni seSebe Lemali Lesizwe ndawonye neCandelo Lolawulo Lomngcipheko kwiSebe LeNkulumbuso likwanikezela ngenkonzo yenkxaoso yocwangciso-qhinga ethe gabalala kwiSebe.

Ngokuthobela imigaqo yeSikhokelo Solawulo Lomngcipheko Eburhulumenteni seSebe Lemali Lesizwe kwanokufaka nzulu ulawulo lomngcipheko kweli Sebe, uRhulumente weNtshona Koloni uthe waqulunqa uMgaqo-nkqubo Wolawulo Lomngcipheko, othe waphunyezwa liGosa Elongameleyo ngomhla wokuqala kwinyanga yeThupha ka-2014, kwakunye neSicwangciso Sokuphumeza iSikhokelo Solawulo Lomngcipheko, esithe saphunyezwa liGosa Elongameleyo ngomhla weshumi elinethoba kwinyanga kaCanzibe ku-2014. Isicwangciso Sokuphumeza iSikhokelo Sokulawula Umngcipheko sithe sakhokelela ekuqulunqweni koMgaqo-nkqubo Wokulawula Umngcipheko kwakunye neSicwangciso-qhinga futhi sikwachaza imisebenzi noxanduva lwabaphathi nabasebenzi ekuqiniseni ubukho bolawulo lomngcipheko kweli Sebe.

ISebe lithe lahlola imingcipheko emikhulu ebinokuba nefuthe ekufikeleleni kwiinjongo zalo, ezezicwangciso-maqhinga kunye nemingcipheko yeenkqubo, ngokweekota. Imingcipheko ethile ithe yaqwalaselwa kuqala ngenxa yamathuba awo kunye nefuthe enokuba nalo (ngokunokwalo okanye ekuhambeni kwexesha) ze kwathi kwavunyelwana nangeendlela ezizezinye zokunciphisa imingcipheko leyo ukuze yehlele kumanqanaba amkelekileyo. Imingcipheko emitsha/ekhulayo ithe yafunyaniswa ngethuba kusenziwa inkqubo yohlolo lweekota.

ISebe lithe laseka iKomiti Yolawulo Lwemingcipheko kwisebe ngenjongo yokuncedisa iGosa Elongameleyo ekwenzeni umsebenzi walo ngokomba wokulawula umngcipheko. Le Komiti ke isebenza phantsi Kwemigqaliselo Yokusebenza ethe yaphunyezwa liGosa Elongameleyo ngomhla wokuqala kwinyanga yeThupha ka-2014. IKomiti entsha le ke ithe yaziphumeza iirejista zesisicwangciso-qhinga seenkqubo ze yaphakamisa iintshukumo ezizezinye apho kuyimfuneko.

IKomiti Yophicotho inikezele ngohlolo oluzimeleyo lwenkqubo yeli Sebe yolawulo lomngcipheko. IKomiti Yophicotho ithe yanikwa iingxelo zenkqubela yekota yolawulo lomngcipheko ndawonye namaxwebhu emiba yomngcipheko kunye neerejista zeli sebe ukuze ibe nokuba nakho ukwenza umsebenzi wayo wohlolo. Ukuhlolwa kwenkqubo yolawulo lomngcipheko kweli sebe kungobudlelwane bawo nenkqubo yokuphunyezwa kwesiCwangciso Sokuphumeza Inkqubo Yolawulo Lomngciphekowe kweli sebe kunye nemingcipheko yesicwangciso-qhinga elijamelene nayo eli Sebe ndawonye nezicwangciso-qhinga zalo zokulwisana/zokuwulungisa.

UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO

URhulumente weNtshona Koloni uqulunqe iSicwangciso-qhinga Sokulwisana Nobuqhophololo esingqina ukuzinikeZela kweli phondo ekusiphuleni nengcambu ubuqhophololo norhwaphilizo. Eli Sebe ke likwanaso neSicwangciso Esiphunyeziweyo Sokuthintela Ubuqhophololo ndawonye neSicwangciso Sokuphumeza Ukuthintelwa Kobuqhophololo nto leyo inika amandla iSicwangciso Sokuthintela Ulwaphulo-mthetho.

Zikho iindlela zokunikezela iingxelo ngorhwaphilizo kwaye ezi ndlela zicaciswa ngokuthe vetshe kwiSicwangciso sePhondo Sokulwisana Norhwaphilizo ndawonye neSicwangciso seSebe Sokulwisana Nobuqhophololo. Isityholo ngasinye esithi sifunyanwe liCandelo elijongene Nophando-nzulu ifakwa kwiNkqubo Yolawulo Lwamatyala ethi isetyenziswe njengesixhobo solawulo ngenjongo yokunikezela ingxelo ngenkqubela ekuphandweni kwamatyala anento yokwenza neli sebe kwanokuza nezibalo zePhondo neSebe ngokwalo mkhwa. Siyabakhusela abasebenzi abampolayo xa berhanela izenzo zobuqhophololo, urhwaphilizo nobusela ukuba ingxelo leyo kukumpola okukhuselekileyo (oko ke kukuthi, iyamelana neemfuno zemithetho elawulayo, umzekelo, ukuba ingxelo leyo inikezelwe ngentliziyo entle). Ithuba lokuba uhlafe ungaziwa linikezelwa nakubani na ongathanda ukunikezela ingxelo ngezenzo zobuqhophololo, urhwaphilizo nobusela yaye ke ukuba bakwenza oko ngokuthi buqu, amagama nezinye iinkcukachqa zabo ziyafihlwa ngulowo sukuba benikezela kuye loo ngxelo.

Xa buthi buqinisekise ubukho bobuqhophololo okanye urhwaphilizo, emva kokuqosheliswa kophando, amagosa abandakanyekayo kwezi zenzo aye afakwe kwinkqubo yokuchotshelwa kwetyala elo, ngenjongo yokuqalisa inkqubo yokohlwaya. Kuzo zonke ke iimeko ezinjalo, igosa likaRhulumente weNtshona Koloni eliqalise ngenkqubo yokohlwaya lilindeleke ukuba linikezele izindululo ngesohlwayo kuloo magosa atyholwayo. Apho kuvela ubungqina obungagungqiyo ngezenzo zolwaphulo-mthetho, kuye kuvulwe ityala lolwaphulo-mthetho kwiNkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika.

Kulo nyaka-mali, iCandelo Lophando-nzulu lePhondo liye laqoshelisa uphando kumatyala alithoba ngelixa amathathu wona amatyala ethe athunyelwa kweli Sebe ukuze liziphandele nzulu. Olunye kwezi meko zophando luqinisekise ubukho bezenzo zobuqhophololo kunye/okanye norhwaphilizo ze enye yaqinisekisa ubugwenxa kulawulo lwemali kunye/okanye nokungathotyelwa kwemigaqo elawulayo ze eyokugqibela yaqinisekisa ukungathotyelwa kwemigaqo elawula ukusebenza. Ezintandathu kwezi nzame zophando ziye zafuna uphando nje lwesigaba sokuqala ze esi sigaba asaqinisekisa bukho bazenzo zobuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo. Ekupheleni konyaka-mali, kube kusele amatyala amane kuluhlu lwamatyala eli Sebe.

3. UKUNCIPHISA UNGQUZULWANO LWEENJONGO

Kufuneka kugcinwe ze kuphakanyiswe izinga eliphezulu lokusebenza eburhulumenteni. Kule nkalo, onke amalungu eQoqo Eliphezulu Lolawulo kulindeleke ukuba adize kubaphathathi abaphezulu iinkcukacha zazo zonke izinto abanazo nabanomndla wokuba bangazenza okanye bazibandakanye kuzo ngokoshishino ngokwemigaqo yeSahluko 3 seMimiselo Yecandelo Laseburhulumenteni. Injongo yesi Sahluko kukufumanisa ungquzulwano lwezidingo ngenjongo yokuphakamisa iindlela neenkqubo ezinobulungisa nezingenamkhethe zolawulo zamagosa akwizikhundla eziphezulu kwananjalo nokukhusela umbuso kwiintshukumo ezinokuwubeka esichengeni nezinokuphazamisana nentsebenzo yawo. Ezo zenzo zokuzichaza zenzeka minyaka le. Ukuba kuthi kuvele imeko yongquzulwano lwezidingo, oko kuyakuthathelwa amanyathelo, ngokwemigaqo yeMimiselo Yaseburhulumenteni ndawonye neminye imigaqo ebandakanyekayo.

Kumba "wokwenziwa komsebenzi wangaphandle ohlawulelwayo ongengowombuso" (iRWOPS ngabula makhumsha), abasebenzi kulindeleke ukuba bafake izicelo

ngokwemigaqo yomgaqo-nkqubo wephondo olawula iRWOPS. Zonke ke ezi zicelo kufuneka zibe zezibhalwe phantsi futhi ke kufuneka, phakathi kwezinye, zichaze isimo nobungakanani bomsebenzi lowo uzakuhlalulelwa, kuquka namaxesha/iiyure zokusebenza kwanokwayamana (apho kunokubakho ungquzulwano lwezidingo okanye inkxalabo enokuvela) nalo Msebenzi uqhelekileyo awenzayo umqeshwa apha eburhulumenteni. Ezo zicelo ke ziye ziqwalaseliswe ngokuthi zihlolwe. Abasebenzi kufuneka bazifake rhoqo ngonyaka ezi zicelo ngokwemiqathango yomgaqo-nkqubo wephondo. Apho kuye kubhaqeke ukungathotyelwa kwalo mgaqo-nkqubo, ezo zenzo ziyakuhojwa ngokwemiqathango yalo mgaqo-nkqubo yaye ke apho kuyimfuneko khona, ngokwemiqathango yoMgaqo Wokuziphatha Neenkqubo Zaserhulumenteni.

4. UMGAQO WOKUZIPHATHA

UMgaqo Wokuziphatha Eburhulumenteni, njengoko ufakiwe kwiSahluko 2 Semimiselo Yaseburhulumenteni, ngowona mgaqo "usetyenziswayo". Umgaqo wokuziphatha:

- Ubeka elubala imigaqo nemimiselo yokuphakanyiswa kwesidima, kwanenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo eqhutywa ngokuzimisela nesebenzayo kuluntu ngokubanzi;
- Luluhlu lwemigaqo echaza indlela yokuziphatha esilindeleyo kubasebenzi bethu;
- Ukhokela abasebenza ngokulindelekileyo kubo ngokwendlela yokuziphatha, ngokuziphatha kwabo bona kunye nobudlelwane babo nabanye abantu; ze
- Ibe yingxenywe yendlela esisebenza ngayo mihla le. Bonke abasebenzi kulindeleke ukuba bawuthobele umgaqo wokuziphatha.

Ukwaziswa kwalo mgaqo wokuziphatha kwathi kwaphakanyiswa kwiintshukumo "zoqeqesho lokuqala" kubasebenzi abatsha kwanangemiyalelo esuka kwiNtloko yeSebe. UMgaqo Wokohlwaya Neenkqubo Zaseburhulumenteni zisetyenziselwa ukuphakamisa indlela entle neyamkileyo yokuziphatha, kwanokunqanda nokulungisa indlela engeyiyo yokuziphatha.

5. UKHUSELEKO LWEMPILO NEMIBA YENDALO ENGGONGILEYO

6.1 Impilo Nokhuseleko Lwabasebenzi

Ngenyanga yeDwarha ka-2014, kwathi kwenziwa uphicotho Lokhuselo/Lokhuseleko lweSAPS. ISebe lathi landisa ukuthobela kwalo le miqathango ukususela kuma-82% ngonyaka-mali u-2013/14 ukuya kuma-86% kulo nyaka-mali sikuwo. Ngamagosa angapha kwamakhulu amabini athe azimasa iinkqubo zoqeqesho kwimiba yempilo nokhuseleko kunyaka-mali u-2014/15. Amagosa eli sebe athe azimasa amalinge oqeqesho kwibala lesithathu Loncedo Lokuqala athi aphumelela ngomyinge ongama-93%. Kwathi kwaqeqeshwa amagosa ali-18 ekusetyenzisweni ngendlela kweSitulo Sokuhlangula.

Sele zikho izixhobo zoncedo kwiNdawo Yabagulayo yaye ke iKomiti isakhangelela igumbi elifanelekileyo elinokusetyenziswa njengale ndawo yabagulayo.

6.2 Ezokhuseleko

Eli sebe lineKomiti Yokhuseleko LweSebe esebenza ngokugqibeleleyo neshukumayo esebenzisana neSebe Lokhuseleko Loluntu, ze ixhaswe yi-Arhente Yokhuseleko Lombuso ndawonye neQumrhu leNkonzo yesiPolisa soMzantsi Afrika Ecebisa Ngezokhuseleko ngenjongo yokuqinisekisa ukugcinwa nokufezekiswa kwamalinge ezokhuselo.

Kwisithuba esiphakathi komhla wesihlanu nowamashumi amathathu ananye kwekaCanzibe ka-2014, iSebe lithe lenza uphicotho lolawulo lokungena kwisakhiwo salo oluthe ngempumelelo lwaqinisekisa ukuba ngabasebenzi beDSD kuphela abangenayo, kuthi ke

ngokwenjenjalo kube kuncitshiswa inani labantu abakwaziyo ukungena kwiSakhiwo Somzi Womdibaniso ukusuka kuma-2000 ukuya kuma-370.

IKomiti Yokhuseleko lweSebe ithe yakuthathela ingqalelo ukuhlolwa kwamabakala athile abasebenzi besebe abaqeshwe kumacandelo olawulo, kwaqalwa ngabakwicandelo Lemali Nelolawulo Lwenkqubo Yeentengo. Kungoku nje kuqhutywa umsebenzi wokuhlolwa kwamalungu eKomiti Yokhuseleko futhi ke kuzakulandeliswa ngokuhlolwa bonke abalawuli abaphezulu.

Kuthe kwaqulunqwa neenkqubo zokwazisa nezokulungisa ngenjongo yokwazisa abasebenzi kwiKomiti Yokhuseleko Lwesebe kwakunye nokwandisa ukwazeka kwemisebenzi noxanduva lwabasebenzi ukuze kuqinisekise ukhuseleko lwabo, oloogxa babo ndawonye nempahla yesebe.

6. IIKOMITI ZEPALAMENTE

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
25 kweyeSilimela ku-2014	Umhlangano wokuqala weeKomiti Ezimiyo: iSebe lizakunika inkcazelo kwiKomiti Emiyongemiba <ul style="list-style-type: none"> ● Yesimo Sesebe (Amacandelo Olawulo) neenkqubo; ● Umnqophiso, umbono nemisebenzi engundoqo; ● Amaqumrhu anikezela ingxelo; ● Iintsuku namaxesha ezingundoqo; kunye ● Nemiba etshis' ibunzi 	iSebe liyichazele iKomiti ngomhla wama-24 kweyeSilimela ka-2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
30 kweyeSilimela ku-2014	Ngethuba lenkcazelo kwiKomiti Emiyo Engophuhliso Loluntu Ekuhlaleni ngomhla wama-25 kweyeSilimela ikomiti iye yagqiba ekubeni: <ol style="list-style-type: none"> a) ISebe lithe lanika ingcaciso kule Komiti ekuhlalutyweni kweentelekelelo zamanani abemi beNtshona Koloni ukuya kuma ku-2040; b) IKomiti izakutyelela iBonny Toun, eKraaifontein, eyindawo yokhuseleko lwabantwana abakungquzulwana nomthetho; ze c) IKomiti icele iSebe ukuba limeme onke amalungu eKomiti ukuze azimase umsitho wokuvulwa kweYouth Café eVangate Shopping Mall, eVanguard Drive. 	iKomiti ityelele eli ziko ngomhla wesibini kweyoMsintsi ka-2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
30 kweyeSilimela ku-2014	Ngethuba lenkcazelo kwiKomiti Emiyo Engophuhliso Loluntu Ekuhlaleni ngomhla wama-25 kweyeSilimela ikomiti iye yagqiba ekubeni inikezele ngezi nkukacha zilandelayo: <ol style="list-style-type: none"> a) Inani labantwana okanye ulutsha olusalinde ukuxoxwa kwamatyala alo; b) Iinkukacha zoqhakamshelwano ezinokusetyenziswa luluntu; ze 	Amaxwebhu esicelo asiwa ngesandla kumbhexeshi weKomiti ngomhla weshumi kweyeKhala ka-2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
	c) Iinkcukacha ezigqibeleleyo ngoXwebhu Lomgaqo-nkqubo Ongamanani Abemi		
5 kweyeThupha ku-2014	IKomiti Emiyo Ngophuhliso Loluntu imema iSebe ukuba liyichazele ngoku kulandelayo: a) Imodyuli Yoqeqesho Kwicandelo Lemibutho Engekho Phantsi Kolawulo lwasebuRhulumenteni; b) Ulawulo lweeNGO kunye namalinge akhoyo okuqinisekisa ukuba iinkonzo ziyasiwa eluntwini; c) Inkqubo yokukhokelwa kweeNGOs; d) Ingxelo Yekota Yesine (kweyoMqungu – kweyoKwindla 2014); e) Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka 2014/2015; f) Ikota yenkcazo yokuqala (kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2014)	iSebe lichazele eKomiti ngomhla wesihlanu kwinyanga yoMnga ka-2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
6 kweyeThupha ku-2014	IKomiti Emiyo imema iSebe ukuba liyichazele: a) Ngeenkqubo Zophuhliso Lwabantwana Abaselula; b) Ukubekwa kweendawo ekuzo Imibutho Engekho Phantsi Kolawulo Lwaseburhulumenteni kwiingingqi zeli Phondo	iSebe lichazele iKomiti ngomhla weshumi elinesibini kwinyanga yeThupha ka-2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
12 kweyeThupha ku-2014	IKomiti Emiyo imema iSebe ukuba lizimase idinga lenkcazelo enikezelwa yi-Ofisi Yekomishoni Yemicimbi Yaseburhulumenteni xa kunikezelwa ingxelo Yohlolo Novavanyo ngonyaka-mali u-2011/2012 weSebe Lophuhliso Loluntu oquka iinkcukacha ezihlaziyiweyo ngonyaka-mali u-2012/2013 ngomhla wama-26 kweyeThupha ka-2014.	iNtloko yeSebe nabo bonke Abawuli Abaziintloko bawuzimasa lo mhlango wenkcazelo	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
14 kweyeThupha ku-2014	IKomiti igqibe ekubeni ngomhla weshumi elinambini kweyeThupha ka-2014 iSebe linikezele la maxwebhu alandelayo: a) Iikopi zeSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lwabantwana Abaselula; b) Uluhlu lwazo zonke iinkqubo ze-ECD; c) Iinkcukacha ezigcweleyo ngeMbumba Yefuthe Kuluntu; d) Uphando lukaNjingalwazi Servaas Van Der Berg weDyunivesithi yaseStellenbosch ngomgangatho Weziphumo Zezifundo zeBanga uR; e) Iinkcukacha ezithe vetshe Ngohlahlo Lolwabiwo-mali Oluhlengahlengisiweyo lwe-ECD, ukunaba kweenkonzo zamaziko e-ECD, ukunaba kweenkonzo zamaziko e-ASC, ukunaba kweenkonzo ezinikezelwa yimibutho ye-ECD neye-ASC	Amaxwebhu esicelo asiwa ngesandla kumbhexeshi weKomiti ngomhla we-19 kweyeThupha ka-2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
27 kweyeThupha ku-2014	IKomiti iye yagqiba ngomhla wama-26 kweyeThupha ka-2014 ukuba iSebe kufuneka: a) Linikezele ingxelo egqibeleleyo kwiKomiti ngenkqubela yazo zonke iziphakamiso ezenziwe yi-Ofisi yiKomishoni Yemicimbi Yaseburhulumenteni ngeNgxelo Yohlalutho Novavanyo kwisithuba sika-2011/2012 njengoko ithe yanikezelwa ngomhla wama-26 kweyeThupha ka-26 ka-2014; b) Linike amalungu uluhlu lweendawo ezikuzo zonke iiNPO ezingama-45 ezithe zakhankanywa ngethuba kunikezelwa lengxelo ngomhla wesihlanu kweyeKhala ka-2014.	Amaxwebhu abeceliwe asiwa ngesandla kuMbhaxeshi weKomiti ngomhla weshumi elinambini kweyoMsintsi ka- 2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
4 kweyoMsintsi ku-2014	Ukwaziswa ngotyelelo lokuza kujonga inkqubela yiKomiti Emiyo kwi- IKWEKHANYA Early Child Development Centre eKhayelitsha.	iKomiti ityelele eli ziko ngomhla on ngomhla wama-30 kweyoMsintsi ka- 2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
26 kweyoMsintsi ku-2015	ISebe bekumele linikezele ingxelo kwiKomiti ngomhla wama-28 kweyeDwarha ka-2014 ngeNgxelo Yonyaka ka-2013/2014	ISebe liyichazele iKomiti ngomhla wama-28 kweyeDwarha ka- 2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
13 kweyeDwarha ku-2014	Ukwaziswa ngotyelelo lokuza kujonga inkqubela yiKomiti Emiyo kwiYouth Café eseRockland's, eMitchells Plain ngomhla wokuqala kweyeNkanga ka-2014	iKomiti ityelele eli ziko ngomhla weshumi elinanye kweyeNkanga ka- 2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
13 kweyeDwarha ku-2014	Ukwaziswa ngotyelelo lokuza kujonga inkqubela yiKomiti Emiyo kwiJo-Dolphin Association for Persons with Disabilities eMalmesbury ngomhla weshumi elinesibhozo kweyeNkanga ka-2014	iKomiti ityelele eli ziko ngomhla weshumi elinesibhozo kweyeNkanga ka- 2014	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
17 kweyeDwarha ku-2014	<p data-bbox="391 226 876 371">IKomiti Emiyo Ngophuhliso Loluntu, kumhlangano owawungomhla wama-28 kweyeDwarha ka-2014, yathabatha ezi zigqibo zilandelayo ukuze zinikwe ingqwalasela liSebe:</p> <p data-bbox="391 394 727 423">IKomiti indulula iSebe ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li data-bbox="391 445 863 882">a) Liphande ukusekwa kweCandelo Lohlolo kwiSebe Lophuhliso Loluntu elizakuba noxanduva lokwenza uhlolo kuyo yonke imibutho engekho phantsi kolawulo lwaseburhulumenteni eziquka namakhaya eenkonde neenkondekazi akweli Phondo. Eli Candelo ke kuzakufuneka lisebenze ngokusondeleleneyo neCandelo Lwezotshutshiso ukuqinisekisa ukuba abo benza ububi kwezi NGOs abafana nabantu abaphatha gadalala abantu abadala bafumane ukohlwaywa. <li data-bbox="391 887 858 1088">b) Elizakusebenza kuhle neSebe Lempilo ukuze kuqwalaselwe imeko ekwiqondo eliphezulu yezifo ezinganyangekiyo nezingachazwayo; ezifana namaqondo aphezulu egazi kunye nesifo seswekile. <li data-bbox="391 1093 783 1173">c) Landise inani labantwana abakwiinkqubo zononophelo lwasemva kwesikolo. <li data-bbox="391 1178 858 1323">d) Lazise iKomiti le ngezalathisi zentsebenzo, ingakumbi kumba weenkqutyana ezikwiNgxelo Yonyaka ezingenazinjongo zibekwe liSebe. <li data-bbox="391 1328 735 1384">e) Lazise iKomiti ngezalathisi zentsebenzo yeli Sebe. <li data-bbox="391 1388 815 1534">f) Lazise iKomiti ngeenkqubo Zophuhliso Lolutsha ezifumana inkxaso-mali kwiSebe, njengoko kucacisiwe kwikhasi 81 leNgxelo Yonyaka. <p data-bbox="391 1556 815 1612">IKomiti icele ukuba iSebe liyinine oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li data-bbox="391 1668 855 1697">a) Isicwangciso Sonxulumano seSebe: <li data-bbox="391 1702 855 1870">b) Eyona nkqubo yakutsha nje yabaphathi abaphezulu beli Sebe kunye neenkukacha zoqhakamshelwano, njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 29 leNgxelo Yonyaka. <li data-bbox="391 1874 855 1977">c) Ikopi yesimo esitsha esihlengahlengisiweyo seCandelo Legosa Elongamele Ezemali njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 38 	<p data-bbox="898 517 1129 696">iSebe lisalinde iKomiti Echophileyo ukuba ize nosuku lokuyichazela ngemiba a- f ngokwezindululo.</p> <p data-bbox="898 1668 1121 1895">Amaxwebhu abeceliwe asiwa ngezandla kuMbhexeshi weKomiti ngomhla wesithathu kweyoMnga ka-2014</p>	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Ipendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
	<p>leNgxelo Yonyaka</p> <p>d) Ikopi Yesibhambathiso Sesivumelwano phakathi kweli Sebe neSixeko saseKapa, njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 39 leNgxelo Yonyaka.</p> <p>e) Ikopi Yesibhambathiso Sesivumelwano neSebe Lempilo malunga Neenkonde Neenkondekazi, Ukusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi kunye Nabantu Abakhubazekileyo.</p> <p>f) Uluhlu lweendawo zesondlo kwiingingqi ezihlelekileyo, njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 34 leNgxelo Yonyaka</p> <p>g) ingxelo egqibeleleyo ngeenkqubo zoqeqesho kooNontlalo-ntle.</p> <p>h) ikopi yengxelo yophando olwenziweyo ngezizathu zokuba kutheni abantwana bengaziqoshelisi nje iinkqubo zoluleko.</p> <p>i) ingxelo ngenani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzo zemihlangano yoqeqesho ngokhuseleko ezixhaswa ngemali ndawonye nabantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkqubo zeenkono zononophelo ezinikezelwa emini, njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 60 leNgxelo Yonyaka.</p> <p>j) Uluhlu lwezalathisi neenjongo zeenkqubo zophuhliso loluntu njengoko zithiwe theca kunyaka-mali u-2013/ 2014, njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 73 leNgxelo Yonyaka.</p> <p>k) Ingxelo ngezizathu kwanesimo samaphulo amabini alibazisekileyo njengoko kuthiwe theca kwikhasi 77 leNgxelo Yonyaka.</p> <p>l) Ingxelo egqibeleleyo ngabantu abathabathe inxaxheba kwiinkqubo Exananazisiweyo Yemisebenzi Yoluntu nabathe bafakwa kwizithuba zengqesho ngokusesikweni.</p> <p>m) Uluhlu lweenkqubo ezibhekiselele kwizithuba zengqesho ezili-1025.</p> <p>n) Uluhlu lweengcali zangaphandle ezithe zasetyenziswa ezisebenzise iimali ezifunyenwe ngaphandle, ukususela ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka-2013 ukuya kuthi ga ngowama-31 kweyoKwindla ka-2014, njengoko kuthiwe theca kwiNgxelo Yonyaka.</p>		
17 kweyeNkanga	Isimemo kwiSebe ukuzel ichazele iKomiti ngoMthetho Osayilwayo Wokubekelwa	iSebe layichazela iKomiti ngomhla	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
ku-2014	Bucala Kweemali Ezihlengahlengisiweyo kwiNtshona Koloni. iVoti 7 ngomha wesixhenxe kweyeNkanga ka-2014.	wama-25 kweyeNkanga ka-2014	
4 kweyoMnga ku-2014	IKomiti Emiyo imema iSebe ukuze lichazele iKomiti ngomhla wesithathu kweyoMdumba ka-2015 ngale miba ilandelayo: a) Izalathisi zentsebenzo ezimalunga neenkqutyana ezikwiNgxelo Yonyaka ezingenazinjongo zibekwe liSebe b) Iinkqubo zophuhliso lolutsha ezifumene inkxaso-mali kwiSebe njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 18 leNgxelo Yonyaka	iSebe layichazela iKomiti ngomhla wesithathu kweyoMdumba ka-2015	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
9 kweyoMnga ku-2014	Kutyelelo Lohlolo kwiYouth Café eRocklands, eMitchells Plain ngomhla we-11 kweyeNkanga ka-2014. Ngomhla we-11 kweyeNkanga ka-2014 iKomiti yagqiba ekubeni a) iSebe liphinde liqwalasele indaba yamaxesha okusebenza eeYouth Café ukuze zibe nokuvula emva kwemini ukuze kube nokuncedakala olunye uthotho lwabantu abatsha eMitchells Plain neendawo eziyingqongileyo	Amaxwebhu abeceliwe asiwa ngesandla kuMbhexeshi weKomiti ngomhla wesibini kweyoMdumba ka-2015	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
9 kweyoMnga ku-2014	Kutyelelo Lohlolo kwiJo-Dolphin Swartland Association for Person with Disabilities e Malmesbury ngomhla we-18 kweyeNkanga ka-2014 iKomiti yaye yagqiba ekubeni: a) iSebe Lophuhliso Loluntu liphande amathuba okubeka ibala umphathi ongaphambili walo mbutho ekuthini aphinde asebenze nabantwana ngenxa yokuba wafunyaniswa enetyala lobuqhophololo nelobusela. b) iJo-Dolphin Swartland Association kufunela lakhe ubudlelwane ze lifunde ezinye izakhono zokusebenza nophuhliso kwiChamp-field Association for Children and person with Disability e-Atlantis.	Imibutho inikezele ingxelo ngalo mba kwiSAPS. Liyakuthi ke emva kwesigqibo iSebe liphendule kwisindululo	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
9 kweyoMnga ku-2014	Iingxoxo nge ngoMthetho Osayilwayo Wokubekelwa Bucala Kweemali Ezihlengahlengisiweyo kwiNtshona Koloni [B5-2014] kuVoti 7 – iSebe Lophuhliso Loluntu, ngomhla wama-25 kweyeNkanga ka-2014. IKomiti icele la maxwebhu alandelayo: a) Ingxelo ngokuxhaswa ngemali kwee-ECD kweli Phondo ingakumbi malunga nenkqubo 3 yalo Mthetho Usayilwayo Wokubekelwa Bucala Kweemali Ezihlengahlengisiweyo; b) Iirejista zomngcipheko wemali yeli Sebe; kunye c) Ingxelo ngohlalutyo lwezidingo	Amaxwebhu abeceliwe asiwe ngesandla kwiKomiti Echophileyo ngomhla wesibini kweyoMdumba ka-2015	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
	zeeNGO		
3 kweyoMduba ku-2015	IKomiti Emiyo imema iSebe ukuba linike inkcazelo ngeeNgxelo Zentsebenzo Yekota yeli Sebe kwisithuba esisuka ngenyanga yeKhala kuye kuma kweyoMnga ka-2014 ngomhla we-17 kweyoMdumba ka-2015.	iSebe liye lenza umboniso kule Komiti ngomhla weshumi elinesixhenxe kweyoMdumba ka-2015	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
3 kweyoMduba ku-2015	<p>IKomiti Emiyo kumhlangano wokunikezelwa kwenkcazo ngomhla wesithathu kweryoMdumba ka-2015 yagqiba ekubeni iSebe:</p> <p>a) Linikezele ngeenkucukacha ezaneleyo xa linikezela ingxelo ngezalathisi zentsebenzo;</p> <p>b) Kukho isidingo sezinye iiNPO kuMmandla weMetro ekwiMpuma nakwiingingqi ezisemaphabndleni kwinkalo Yeenkqubo Zophuhliso Lolutsha;</p> <p>c) ISebe kufuneka linike ingqwalasela umbono wokuseka iqela elizakuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo ziiNPO kunye nokutyelwa rhoqo kwazo zonke iiNPO ezifumana inkxaso-mali kwiSebe ngenjongo yokuhlola ukuthotyelwa kwemimiselo;</p> <p>d) ISebe kufuneka liqwalasele ukukhupha ezinye iinkqubo ezingeSifo Esichaphazela lintsana Ezingekazalwa Ngenxa Yotywala kweminye imimandla yeli Phondo;</p> <p>e) ISebe kufuneka linike ingqalasele ukuxhobisa iiNPO ezinikezela ngeenkqubo zophuhliso lolutsha ngokwesicwangciso-qhinga seSebe; ze iChrysalis yona inike ingqwalasela ukugaya ulutsha olusuka</p> <p>IKomiti icele la maxwebhu aldelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Ingxelo ephelileyo ngohlobo lweenkonzo ezinikezelwa zezi NPO, indlela esetyenziswayo ekuxhaseni iiNPO ngemali, kuchazwe abo bazuza kwezi nkqubo, iziphumo zeenkqubo ezinikezelwa zezi NPO njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 4 lomboniso owawungomhla wesithathu kwinyanya yoMdumba ka-2015, ● Ingxelo Yenqubela ngeCandelo Ellodwa/ngeCandelo Lohlolo elazinikezela ekulisekeni iSebe ngenjongo yokwenza utyelelo rhoqo, kupheliswe impatho-gadalala kunye nokungathotyelwa kwemimiselo kwimizi egcina iinkonde neenkondekazi kweli 	<p>iSebe lizithathela ingqalelo izindululo yaye ke lizakukhokelela kwizicwangciso ezingekamva.</p> <p>Amaxwebhu abeceliwe asiwe ngesandla kuMbheshi weKomiti ngomhla wethoba kweyoKwindla ka-2015</p>	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
	<p>phondo,</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Izicwangciso-qhinga, iinkqubo neendlela ezisetyenziswa yiChrysalis Youth Academy xa kugaywa futhi kubhaliswa ulutsha kule akhademi ● Isicwangciso sokugcinwa kweeYouth Cafes kweli phondo ● Ikopi ye-libindi Model ● Ikopi yeSicwangciso-qhinga Solutsha 		
11 kweyoMduba ku-2015	<p>IKomiti Emiyo imema iSebe ukuba linike iKomiti inkcazelo ngomhla weshumi elinesibhozo kwinyanga yoMdumba ka-2015 ngale miba ilandelayo:</p> <ol style="list-style-type: none"> a) Indlela ezisekwe ngayo, zagcinwa ze zaqoqoshwa iinkqubo zolawulo lwangaphakathi ngenjongo yokulawula iinkcukacha zentsebenzo ezisuka kumagosa eengingqi kunye neMibutho Engajonge Ngeniso; b) Icebo eliyiqulunqileyo iSebe ukuphucula ukuchaneka kweenkcukacha enikezele ingxelo ngazo zentsebenzo; c) Amacebo aqulunqiweyo azakusombulula amatyala angaphaya kweminyaka emithathu ubudala, necebo lokwehlisa lo mthwalo 	<p>iSebe layichazela iKomiti ngomhla ngomhla weshumi elinesibhozo kweyoMdumba ka-2015</p>	<p>iKomiti Echophileyo Ejongene nee-Akhawunti Zaseburhulumenteni (ISCOPA)</p>
18 kweyoMduba ku-2015	<p>Emva kotyelelo lohlolo kwiRiet Family Centre eGrabouw iKomiti iye yagqiba ekubeni:</p> <ol style="list-style-type: none"> a) ISebe kufuneka iSebe linike ingqwalasela umba wokunika uqeqesho kubasebenzi baseRiet, libaxhobise ngezakhono ezibalulekileyo ukuze iziko eli lilawulwe ngendlela enempumelelo; b) IRiet family Guidance Centre kufuneka ifikeleleke kubo bonke ekuhlaleni kuquka nabantu abakhubazekileyo; kungoku nje abantu abakhubazekileyo abakwazi kufikelela kweli Ziko ngenxa yamanqwanqwa <p>IKomiti icele la maxwebhu alandelayo</p> <ol style="list-style-type: none"> a) Iikopi zemanywali yeenkqubo zokunqanda ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi: isikhokelo esimiyo koonontlalo-ntle b) Isicwangciso soshishino seRiet Family Guidance Centre eGrabouw c) Iikopi zeSicwangciso Sokulwisana Neziyobisi Sesizwe nesePhondo d) Ingxelo eneenkcukacha ezithe vetshe ngeenkqubo zeRiet e) Ingxelo eneenkcukacha ezithe vetshe Ngamathuba asacetywayo Okuqesha nguNjingalwazi Sonn 	<p>iSebe lizakuzithathela ingqalelo izindululo</p> <p>Amaxwebhu abeceliwe asiwe ngesandla kuMbhaxeshi weKomiti ngomhla wethoba kweyoKwindla ka-2015</p>	<p>Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni</p>

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
	weRiet Family Guidance Centre eGrabouw		
18 kweyoMduba ku-2015	<p>Kumhlangotho wenkcazelo owawungomhla we-17 kweyoMdumba ka2015 iKomiti Emiyo yagqiba ekubeni iSebe:</p> <p>a) ISebe lichazele iKomiti ngeenkqutyana Ezingokuthintelwa Kokusetyenziswa Gwenxa Kwezinyobisi Nokubuyiselwa Kwisimo;</p> <p>b) ISebe lichazele iKomiti ukuba Ngokupheliswa Kwentlupheko Nangokuphila Ngokuzimela;</p> <p>c) ISebe lichazele iKomiti ngenkqubo yothintelo nokubuyiselwa kwisimo sesiqhelo;</p> <p>d) ISebe lichazele iKomiti ngophando lwefuthe kwiintsapho ezithabatha inxaxheba kwinkqubo yokuba ngumzali</p> <p>IKomiti icele la maxwebhu alandelayo</p> <p>a) Uluhlu lweeNPO ezifumana inkxaso-mali nezinezela iinkonzo kubantu abakhubazekileyo kwisithilana seMetro</p> <p>b) Uluhlu lwezikolo zabanezidingo ezizodwa kweli phondo ngokweendlela zabantwana abanokusiwa kwezi zikolo</p> <p>c) Uluhlu kunye neenkukacha zenkqubo ethe yalandelwa xa kuqeshwa iinkampani ezinika iinkonzo kuMaziko eMOD</p> <p>d) Ingxelo ngenkqubela ekuhlanganisweni kwezi zikolo zabanezidingo ezizodwa ukusuka kwiSebe Lophuhliso Loluntu ukuya kwiSebe Lemfundo</p>	<p>iSebe lizakuyichazela iKomiti ngosuku olubekwe yiKomiti</p> <p>Amaxwebhu abeceliwe asiwe ngesandla kuMbhexeshi weKomiti ngomhla wethoba kweyoKwindka ka-2015</p>	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
18 kweyoMduba ku-2015	Isimemo sokuba iSebe lichazele iKomiti ngoMthetho Osayilwayo Wakubekelwa Buccala Kweemali kuVoti 7 ngomhla wesithandathu kweyoKwindla ka-2015	iSebe liyichazelle iKomiti ngomhla wesithandathu kweyoKwindla ka-2015	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni
16 kweyoKwindla ku-2015	<p>Kumhlangotho wenkcazelo ngomhla wesithandathu kweyoKwindla ka-2015 iKomiti Emiyo igqibe ekubeni iSebe:</p> <p>IKomiti icele la maxwebhu alandelayo</p> <p>a) Uluhlu lwamaziko azakufumana inkxaso-mali eyandisiweyo ngenjongo Yokubuyekeza Kwabasebenzi njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 299 loxwebhu lintelekelelo Zohlahlo Lolwabiwo-mali Nenkcitho luka-2015;</p> <p>b) Isicwangciso sendlela esiyakusetyenziswa ngayo isabelo Sophuhliso Lolutsha ;</p> <p>c) Ingxelo eneenkcukacha ezithe vetshe ngeNani Loonontlalo-ntle</p>	Amaxwebhu abeceliwe asiwe ngesandla kuMbhexeshi weKomiti ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2015	Eyophuhliso Loluntu Ekuhlaleni

Usuku	Umba	Impendulo yesebe	iKomiti Echophileyo
	<p>kunye Nabancedisi Boonontlalo-ntle eliyakufumana inkxaso-mali eyi-40% eyandisiweyo;</p> <p>d) Ingxelo ngeenkonzo zonyango nezongenelelo ekusetyenzisweni gwenxa kwezinyobisi kweli Phondo njengoko kuchaziwe kwikhasi 300 kuxwebhu Lweentelekelelo Zesabelo-mali Kwingeniso Nenkcitho yePhondo ka-2015;</p> <p>e) Ingxelo Ngeenkqubo Zothintelo Lolwaphulo-mthetho eLavender Hill naseMitchells Plain</p> <p>f) Iinkcukacha ezithe vetshe ngenani Lezibhambathiso Zokuqondana ezithe zatyikitywa liSebe nelisezakuzityikitya noomaspala kunye neenkampani zabucala;</p> <p>g) Ingxelo eneenkcukacha ezithe vetshe ngokwabelwa imali kwezithilana zeSixeko Esimbaxa saseKapa;</p> <p>h) Uluhlu lokulungiswa kwezibonelelo, ukukhandwa nokubunjwa; kunye</p> <p>i) Nengxelo eneenkcukacha ezithe vetshe ngamaphulo eSebe Angentsebenziswano phakathi Kwamaqumthu Oluntu Nawabucala.</p>		
<p>16 kweyoKwindla ku-2015</p>	<p>ISebe Lophuhliso Loluntu kufuneka linike iKomiti oku kulandelayo:</p> <p>a) 5.7.2.1 Ingxelo eneenkcukacha ezithe vetshe echaza ukusetyenziswa kweengcali zangaphandle, abasebenza ngezibhambahiso zexeshana kunye nee-arhente/okanye iinkonzo ezisuka kumaqumrhu neenkampani zangaphandle ndawonye nenye inkcitho-mali yokusebenza, njengoko kuthiwe kuthiwe thaca kumakhasi 148-152 no-183 weNngxelo Yonyaka yeSebe.</p> <p>b) 5.7.2.2 A Ingxelo eneenkcukacha ezithe vetshe echaza iintlawulo zoomaspala ngokusetyenziswa kwazo zonke ii-ofisi zeengingqi, kuquka nendawo ezikuyo ii-ofisi ezo zihlawulelwayo.</p>	<p>Amaxwebhu abeceliwe asiwe ngesandla kuMbhaxeshi weKomiti ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2015</p>	<p>iSCOPA</p>

7. IZISOMBULULO ZESCOPA

Ivoti 7: iSebe Lophuhliso Loluntu

IKomiti iqwalasele ukuba imbono kaMphicothi-zincwadi Oyintloko malunga Neengxelo Zonyaka Zemali, emva kokufumana ingxelo yophicotho-zincwadi engenasiphene. Le mbono yophicotho iphucukile kuneyonyaka-mali u-2012/13 apho iSebe lafumana ingxelo yophicotho egutyungelwe ziziphene kukho nemiba enento yokwenza nokuthotyelwa kwemithetho nemimiselo, imiba yokunikezelwa kweenkonzo kwiinjongo ezicwangciswa kwantlandlolo.

ISebe Lophuhliso Loluntu lichithe i-R1,5 yesigidi-gidi, nto leyo ikhokelele kwisiphumo sokungasetyenziswa kwemali efikelela kwi-R7, 101 yesigidi njengoko kuthiwe thaca kwikhasi 161 leNgxelo Yonyaka.

ISebe eli likhuthazwa ekubeni ligxininise ekuphuculeni izikhokelo zangaphakathi zolawulo, ezibhekisa kuxanduva lwesebe lokuba namandla ohlolo ndawonye nemigaqo-nkqubo neenkqubo eziluxanduva lwabaphathi, ukugcinwa ngendlela kweerekhodi, ukugcinwa kweenkqubo nokungqinelanisa iindlela zolawulo. Ukunikezelwa kweengxelo nokuthotyelwa kwemimiselo, imisebenzi eyamana neenkqubo zolawulo lwemali nolwentsebenzo, kunye nolawulo lwangaphakathi ezibhekisa kulawulo.

Inombolo Yesisombululo	Umba	Iinkcukacha	Impendulo yesebe	Usuku Lwentshukumo	Isonjululwe Ewe/Hayi
1.	<p>Amakhasi: 93-95 eNgxelo Yonyaka</p> <p>Iisihloko: "Izindululo zeSCOPA"</p> <p>Iingcaciso: IKomiti iqwalasela ukuba iSebe alikhange lichaze kwiNgxelo yalo Yonyaka u-2013/14 ukuba izindululo ezize neKomiti ngo-2013/14 zade zasombululekana.</p>	<p>IKomiti yavumelan a ekubeni:</p> <p>1. ISebe lichazele iKomiti ngeziphumo zezindululo ezathi zasiwa kulo yiKomiti Yee-Akhawunti Zikawonke-wonke ngethuba leengxoxo ngeNgxelo Yonyaka ka- 2012/13.</p>	<p>Umhlangano wenkcazelo uzakubekwa yiKomiti yee-Akhawunti Zikawonke-wonke</p>	<p>ISebe lizakunika inkcazelo kwiKomiti ngomhla weshumi elinesithathu kwinyanga kaCanzibe ka-2015</p>	

8. IZILUNGISO ZANGAPHAMBILI KWINGXELO YOPHICOTHO-ZINCWADI

Isimo sexanasi, isinikezelo, imbono enegxeke ndawonye nemiba yokungathotyelwa kwemimiselo	Unyaka-mali ephume kuwo kuqala	Iinkqubela ethe yenziwa ekususeni/ekusombululeni lo mba
<p>Imbono Yophicotho: Isiphumo esingenagxeke naxanasi ngokuba lulutho nokuchaneka kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa</p> <p>Isimo Sogxininiso: Ziinjongo ebezicwangcisiwe kwantlandlolo</p> <ul style="list-style-type: none"> <p>Isiphumo esingenagxeke ngokuba lulutho nangokuchaneka Ingxelo enikezelweyo ngeenkcukacha zentsebenzo kwinkalo Yeenkonzo Zentalo-ntle ilulutho yaye ichanekile, kuzo zonke iinkalo ezibambekayo, ngokwemigaqo nemiqathango ethe yachongwa yolawulo lweenkcukacha zentsebenzo kwakunye nesikhokelo sokunikezela iingxelo.</p> <p>Ukuzuzeka kweenjongo ebezicwangcisiwe UMphicothi-zincwadi Oyintloko uye wafumanisa iinkalo zokungachaneki kweenkcukacha kwingxelo yentsebenzo yonyaka ezithe zangeniswa ngenjongo yokuziphicotha ngeenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa ngeNkqubo 2: Iinkonzo Zentlalo-ntle.</p> 	2013/14	<p>-</p> <p>Njengoko abalawuli bethe bazilungisa iimpazamo, uMphicothi-zincwadi Oyintloko akakhangeni aveze ezinye iziphumo ngokuchaneka kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa</p>

9. ICANDELO LOLAWULO LWEZANGAPHAKATHI

Inkalo elithe lagxila kuyo eli candelo kunyaka esingawo ibiziinkalo ezingoLawulo Olululo, iinkonzo Zengqinisekiso ndawonye Nolawulo Lokunciphisa Ilahleko.

Ulawulo Olululo

Ukuphunyezwa kwenkqubo Yesimo Sokuhlolwa Kolawulo Lwesicwangciso-qhinga kwathi kwagcinwa, apho kwathi kwagcinwa, kwahlolwa ze kwanikezelwa rhoqo ngekota ingxelo ngeziphumo ezingeenkcukacha nezingezozankcukacha zemali kwiKomiti Yophicotho-zincwadi neSebe Lemali lePhondo. ISebe Lemali lePhondo ngentsebenziswano neSebe leNkulumbuso lizinikele ekwenzeni imanywali esebenzayo ngoku yeSikhokelo seGAP esi Sicwangciso Simbaxa Solawulo ukuze sibe yinkqubo efanekisa ngokupheleleyo kwiwebhu eyakubizwa i-E-GAP ngamakhumsha. Iyakukhuthaza intsebenziswano phakathi kwawo onke amahlakani ze iqinisekise nokufumaneka kweenkcukacha ezichanekileyo nezisemgangathweni ndawonye nokuthotyelwa kwemimiselo nokuzihlola. Futhi ke iyakukwazi nokugcina iingxelo ezineenkcukacha zangaphambili eziyakuhlala zihleli kule nkqubo, ndawonye nethala leenkcukacha elizinze ndawo-nye elizakukhawulezisa ukufikeleleka kwala maxwebhu, ukwabelana ngokwazi ndawonye neenkqubo eziphucukileyo.

Iinkonzo Zengqinisekiso

Kulo nyaka siwuhlalutyayo, kuye kwenziwa le misebenzi ilandelayo kweli Sebe:

- Zihlolwe kabini ii-ofisi zemimandla; kanye kwiMetro ekwiMpuma nakanye kwiMetro ekuMazantsi;
- Icandelo elithe lafumana oku kuphicothwa ze kwahlolwa nazo zonke iintshukumo zemali ezithe zenzeka malunga nembuyekezo, impahla neenkonzo ndawonye neenkitho zemali enkulu, ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho nemimiselo;
- ISebe ke lisebenzise inkqubo yeCIPRO (iCompanies and Intellectual Properties Commission) ukufumana abasebenzi beDSD abanobudlelwane neenkampani esishishina nazo silisebe kwimimandla namaziko ethu;
- Kwathi kwahlolwa onke amaxwebhu ukuze agcinwe ngokhuseleko njengecebo lokuthintela ukulahleka nokwenziwa kwezinye iintlawulo kabini.

Ulawulo Lelahleko Nobuqhophololo

- ISebe lisebenzise iNkqubo Yolawulo Lwelahleko i-ORACLE ngenjongo yokulawula ilahleko ngenxa yobusela, ukonakala, njalo-njalo;
- ISebe liyawanakana la mahlakani alandelayo, iNkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika, iZiko Leenkono Zolawulo – iinkonzo Zomthetho, iCandelo Lezithuthi zikaRhulumente kunye neSebe Lemali lePhondo ekuqosheliseni iimeko namatyala;
- Kweli thuba lihlolwayo kuthe kwaqosheliswa amatyala ali-126.

10. UPHICOTHO LWANGAPHAKATHI KUNYE NEEKOMITI ZOPHICOTHO

ICandelo Lophicotho Lwangaphakathi linika abalawuli ingqiniseko ezimeleyo nengenamkhethe neenkono zoncendo ezenzelwe ukufaka igxalaba ngenjongo yokuhlala kuphuculwa indlela elisebenza ngayo iSebe. Lincediswa iSebe ekuzuzeni iinjongo zalo ngokuthi lize nendlela eqoqoshekileyo nebumbeki kule yokuhlala nokuphucula ukusebenza kweenkqubo Zolawulo, Ezolawulo Lomngcipheko Nelahleko. Ezi ntshukumo zingundoqo zilandelayo zenziwa kuloo nkalo kanye:

- Ukuhlalutya nokwenza izindululo ezizizo zokuphucula iinkqubo zolawulo kwinkalo yokuzuzisa iinjongo zeli Sebe;
- Ukuhlalutya ukuchaneka nokusebenza kwanokufaka igxalaba ekuphuculweni kwenkqubo yolawulo lomngcipheko;

- Ukuncedisa iGosa Elongameleyo ekugcineni iindlela zolawulo ezisemgangathweni nezisebenzayo ngokuthi kuhlalutywe kanye ezo ndlela zolawulo ngenjongo yokufumanisa ukusebenza kwazo ngendlela nokuba semgangathweni, kwanokuqulunqa izindululo zokuphuhlisa okanye ukuphucula.

Ezi ndibano zengqinisekiso zilandelayo zathi zaphunyezwa kwiSicwangciso Sophicotho-zincwadi Lwaphakathi lonyaka-mali u-2014/15:

- Ezokuxhotyiswa Kwamaxhoba;
- Ezohlangulo Loluntu;
- Ezeenkonde Neeenkondekazi;
- Ezononophelo Nokhuseleko Lwabantwana;
- Ezophuhliso Lweentsana Ezielula;
- Ukwenziwa Kweentlawulo;
- Ezolawulo Lwezibhambathiso.

IiKomiti Zophicotho zisekwe njengamaqumrhu ohlolo, anikezela ngohlolo oluzimeleyo kwimiba yolawulo, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zolawulo kwiSebe, eziquka uhlobo kunye neenkalo zoxanduva ezibhekiselele:

- Kumsebenzi Wophicotho-zincwadi Wangaphakathi;
- Umsebenzi Wophicotho-zincwadi Wangaphandle (owenziwa nguMphicothi-zincwadi Oyintloko woMzantsi Afrika – i-AGSA ngamafuphi;
- Umsebenzi weSebe wogcino-zincwadi nokunikezelwa kweengxelo;
- Imigaqo-nkqubo yeSebe Yogcino-zincwadi;
- Uhlalutyo lwengxelo yolawulo nophicotho ye-AGSA;
- Uhlalutyo Lohlolo Lwaphakathi lweSebe;
- Ezolawulo Lomngcipheko eSebeni;
- Ezolawulo Lwaphakathi;
- Iinjongo ezicwangcisiweyo;
- Ezindlela Yokuziphatha Nophando-nzulu.

Le theybhile ingezantsi apha iveza iinkcukacha ezifanelekileyo ngamalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Izidanga	Sesangaphakathi okanye Sesangaphandle	Ukuba sesangaphakathi, igosa lizakukuba leSebe	Usuku Aqeshwe ngalo	Usuku Lokube ka Phantsi	Inani Lemihlango no Ezinyasiweyo
uMnu. Ronnie Kingwill	CA(SA); CTA; BCom	Sesangaphandle	Asikho	01 kweyoMqumgu ka-2013	Alukho	8
uMnu. Mervyn Burton	B Compt; B Compt (Hons); CA(SA); CFP	Sesangaphandle	Asikho	01 kweyoMqumgu ka-2012	Alukho	8
uNksz. Judy Gunther	CIA; AGA; Masters in Cost Accounting; BCompt; CRMA	Sesangaphandle	Asikho	01 kweyoMqumgu ka-2013	Alukho	8
uMnu. Louw van der	CA(SA); ACMA; CIA; CISA;	Sesangaphandle	Asikho	01 kweyoMqumgu ka-2013	Alukho	8

Igama	Izidanga	Sesangaphakathi okanye Sesangaphandle	Ukuba sesangaphakathi, igosa lizakukuba leleSebe	Usuku Aqeshwe ngalo	Usuku Lokube ka Phantsi	Inani Lemihlango no Ezinyasiweyo
Merwe	CRMA					
uMnu. Francois Barnard	MComm (Tax); CA(SA); iDiploma Kwezophic otho yasemva Kwesidanga; CTA BCompt (Honours); BProc	Sesangaphandle	Asikho	01 kweyoMqungu ka-2013	Alukho	5

INGXELO YEKOMITI YOPHICOTH

Siva kamnandi ukunikezela ngengxelo yethu yonyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2015.

Uxanduva lweKomiti Yophicotho

IKomiti Yophicotho inikezela ingxelo ethi ilwamkele ngentobeko uxanduva lwayo olususela kwiCandelo 38 (1)(a)(ii) loMthetho iPublic Finance Management Act kunye Nommiselo 3.1.13. weSebe Lemali lePhondo. IKomiti Yophicotho ikwathi iqulunqe amabakala angawo ngokusesikweni njengeTshata yeKomiti Yophicotho, yenza imimiselo yokusebenza kwayo ngokuthobela le tshata futhi ke sele inikezele lonke uxanduva lwayo njengoko luqulethwe kule tshata, ngaphandle kokuba singakhange sizihlalutye iinguqu kwimigaqo-nkqubo neendlela zokusebenza kugcino-zincwadi.

Indlela Olusebenza ngayo Ulawulo Lwaphakathi

Uhlalutuyo lwethu lweziphumo zomsebenzi Wangaphakathi Wophicotho, owawusekelwe kwiivavanyo zomngcipheko ezenziwa kweli Sebe zadiza iziphene ezithile, ekwathi ke kwachazelwa iSebe ngazo.

The following internal audit work was completed during the year under review:

- Ezokuxhotyiswa Kwamaxhoba
- Ezohlangulo Loluntu
- Ezeenkonde Neenkondekazi
- Ezononophelo Nokhuseleko Lwabantwana
- Ezophuhliso Lweentsana Eziselula
- Ukwenziwa Kweentlawulo
- Ezolawulo Lwezibhambathiso

Iinlalo ezibanga inkxalazo ziyakuqosheliswa yiKomiti Yophicotho emva komhlangano wekota yesine kwanovavanyo lweengxelo zemali.

Ulawulo Lwaphakathi Enyakeni ndanwonye Nengxelo Yenyanga/Yekota

ISebe belisoloko linikezela iingxelo rhoqo ngenyanga nangekota njengoko kulindelekile ngokwemiqathango yomthetho iPFMA.

Uhlolo Lweengxelo Zemali

Sizihlalile iingxelo zemali zonyaka eziqulunqwe liSebe.

Ingxelo Yomphicothi Oyintloko

Sizihlalutye isicwangciso seSebe sokuphunyezwa kwemiba yophicotho ethe yavezwa kunyaka ophelileyo yay eke sikholisekile ukuba imiba isonjululwe ngendlela eyiyo. Izimvo ezizezinye ziyakunikezelwa emva kwengxelo yophicotho yokugqibela.

IKomiti Yophicotho iyakurekhoda ukuvumelana kwayo okanye ukuyamkela kwayo ingxelo yoMphicothi-zincwadi Oyintloko Kwiingxelo Zemali Zonyaka emva kokuba kuhlolwe iNgxelo Yophicotho ndawonye neeNngxelo Zemali Eziphicothiweyo.



nguMnu. Ronnie Kingwill

**uSihlalo weKomiti Yophicotho Yecandelo Loluntu
kwiSebe Lophuhliso Loluntu**

ISIGABA D: ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI

ISIGABA D: ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI

1. IMITHETHO ELAWULA IMIBA YEZIBONELELO ZABASEBENZI

linkcukacha eziqulethwe kwesi sigaba zikhutshwe Yimimiselo Yeenkonzo Zaseburhulumenteni (iSahluko 1, Isigaba III J.3 no-J.4).

Ngaphezu kweMimiselo Yeenkonzo Zaseburhulumenteni zika-2001 (njengoko ithe yalungiswa ngomhla wama-30 kweyeKhala ka-2012), le migqaliselo ilandelayo ikhokela iCandelo Lolawulo Lwezibonelelo Zabasebenzi kwicandelo Leenkonzo Zaseburhulumenteni:

● **UMthetho i-Occupational Health and Safety Act (85 ka-1993)**

Kukubonelela ngempilo nokhuseleko lwabantu emisebenzini kwanempilo nokhuseleko lwabantu kumba wokusetyenziswa kwezixhobo noomatshini; ukhuseleko lwabantu abangengobantu basemsebenzini kwiingozi kwimpilo nokhuseleko lwabo kwiimeko ezingumvuka weentshukumo zabantu abasemsebenzini; kukuseka ibhunga leengcebiso kumba wempilo nokhuseleko; kwanokubonelela kwiimeko zemiba engqamene nale.

● **UMthetho iPublic Service Act 1994, as amended by Act (30 ka-2007)**

Kukubonelela ngokuququzelela nokulawula ezaseburhulumenteni kwiRiphabliki, ukumiselwa kwanemiqathango yengqesho, amaxesha okuba se-ofisini, indlela yokuziphatha, umhlala-phantsi kwanokukhululwa kwabasebenzi baseburhulumenteni edyokhweni, ndawonye neminye imiba engqamene nale.

● **UMthetho iLabour Relations Act (66 ka-1995)**

Kukumisela nokukhokela umqeshi ekunakaneni nasekudlaleni eyakhe indima ekuphumezeni uxolo kwezengqesho kwanokwenziwa kwemeko yokusebenza ibe yengenamkhethe.

